

**ISIKHOKELO SOKUFUNDISA
NOKUYILA IZINCOKO NEETEKISI
ZONXIBELELWANO
ISIXHOSA
ULWIMI LWASEKHAYA
ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO**


AMABANGA 10-12

2019



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



ISIKHOKELO SOKUFUNDISA NOKUYILA IZINCOKO NEETEKISI ZONXIBELELWANO

ISIXHOSA

ULWIMI LWASEKHAYA

ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

AMABANGA 10-12

2018

ISIQUULATHO

UMXHOLO	IPHEPHA
ISIQENDU SOKU-1 ULWIMI LWASEKHAYA	
1. INJONGO YESI SIKHOKELO	4
2 INKQUBO YOKUBHALA	4
3. IINDIDI ZEZINCOKO	5
3.1 Isincoko esibalisayo	5
3.2 Isincoko esichazayo	6
3.3 Isincoko esicamngcayo	6
3.4 Isincoko esixoxayo	7
3.5 Isincoko esivelela amacala omabini	7
4 IMIHLATHI	8
4.1 Illeta yobuhlobo/ engekho sesikweni	8
4.2 Illeta yaseburhulumenteni/ esesikweni	10
4.3 I-ajenda nemizuzu yentlanganiso	12
4.4 Isivi neleta ekhaphayo	14
4.5 I-obhitshuwari	16
4.6 Udliwanondlebe	17
4.7 Ingxoxo yababini	19
4.8 Intetho	20
4.9 Ingxelo	21
4.10.1 Inqaku lemagazini	23
4.10.2 Inqaku lephephandaba	24
4.11 Irivyu (isigxeko-ncomo)	25
ISIQENDU SESI-2 ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO	
OLONGEZELELWEYO	
OLONGEZELELWEYO	
1. INJONGO YESI SIKHOKELO	28
2 INKQUBO YOKUBHALA	28
3. IINDIDI ZEZINCOKO	30
3.1 Isincoko esibalisayo	30
3.2 Isincoko esichazayo	30
3.3 Isincoko esixoxayo	31
3.4 Isincoko esivelela amacala omabini	31
3.5 Isincoko esicamngcayo	32
4. IMIHLATHI EMIDE	32
4.1 Illeta yobuhlobo/ engekho sesikweni	32
4.2 Illeta yaseburhulumenteni / esesikweni	35
4.3 I-ajenda nemizuzu yentlanganiso	36
4.4 Isivi neleta ekhaphayo	39
4.5 I-obhitshuwari	41
4.6 Udliwano-ndlebe	42
4.7 Ingxoxo yababini	44

4.8	Intetho	45
4.9	Ingxelo	46
4.10.1	Inqaku lemagazini	48
4.10.2	Inqaku lephephandaba	49
4.11	Irivyu/ isigxeko-ncomo	50
5.	IMIHLATHI EMIFUTSHANE	52
5.1	Ungeniso kwidayari	52
5.2	Ukubhalwa kweflaya	53
5.3	Ukubhalwa kwe-imeyile	54
5.4	Isibhengezo-ntengiso	55
5.5	Ipowusta	56
5.6	Ikhadi lesimemo	57
5.7	Ukukhombisa indlela	58
5.8	Imiyalelo	59
5.9	Ukugcwalisa ifom	60
5.10	Iposikhadi	61

1. INJONGO YESI SIKHOKELO

Le ncwadi inika ingcaciso emfutshane ngeendlela zokubhala kwaye inika amanqaku nemizekelo ngeendidi zezincoko nemihlathi. Ukufundiswa kwezi tekisi kuza kuphucula isakhono sokubhala nokunikezela kubafundi.

2. INKQUBO YOKUBHALA

Ukufundisa ukubhala kuquka ukusebenza ngokwenkubo yokubhala. Nangona kunjalo akunyanzelekanga ukuba asetyenziswe onke amanyathelo ale nkqubo ngamaxesha onke, umz. xa ubhala, ubhala uhlolo lwetekisi oluqhelekileyo, kuza kufuneka uhlalutye isakhiwo salo kune neempawu zolwimi ngokunabileyo. Kungakho amaxesha aphi kuza kufuneka ukuba ugxininise kwisakhiwo sesivakalisi okanye ekubhalweni komhlathi okanye ubhale iitekisi ezingenadrafti xa ulungiselela uviwo.

AMANQANABA ALANDELWAYO KWINKQUBO YOKUBHALA

1. Ukucwangcisa/ phambi kokubhala.
2. Ukuyila / Ukwenza idrafti
3. Ukuhlaziya
4. Ukuhlela
5. Ukulungisa iziphene
6. Ukunikezela.

Xa ebhala umfundsi makenze oku kulandelayo:

1. **Ukucwangcisa /phambi kokubhala**
 - Ukuggala injongo oyibhalelayo nabantu obabhalelayo.
 - Ukuqaphela imo, indlela yokubhalwa koko kubhaliweyo noluvo loko abhala ngako.
 - Xoxa ngezimvo usebenzisa umzekelo, isazobe sokucinga neeflowu-tshati.
 - Phanda ngoko uza kubhala ngako usebenzisa imithombo yolwazi
2. **Ukuyila/ ukwenza idrafti**
 - Sebenzisa izimvo ezingundoqo nezixhasayo ngokukuko xa ucwangcisa.
 - Yenza idrafti yokuqala uthathela ingqalelo injongo, abafundi bayo isihloko nohlobo loncwadi.
 - Funda idrafti ngokuvakalayo ukuze ufumane ulovo lwabanye abantu abakuphulaphuleyo.
 - Chonga isigama esisiso nesichanekileyo ngokusebenzisa izichazi ezifanelekileyo, amagama namabinzana avisayo ukucacisa oko kubhaliweyo.
 - Ukumisela ilizwi nesimbo esithile ngokusebenzisa ulwimi nethoni ehambelana ncakasana nabafundi obabhalelayo nenjongo yokubhala.
 - Vakalisa ulovo lwakho ggibi, izithethe, iinkolelo namava akho.
 - Bhala iinkcukacha ezichanekileyo zetekisi leyo (sebenzisa ucaphulo ukuxhasa izimvo zakho).

3 Ukuhlaziya, ukuhlela, ukulungisa iziphene nokunikezela ngokubhaliwego

- Sebenzisa imilinganiselo emiselweyo ukuphendla umsebenzi wakho nowabanye usenzela ukuwuphucula.
- Phucula uchongo lwasigama, isakhiwo sezivakalisi nemihlathi.
- Nciphisa ubumbaxa, ukusebenzisa uphindaphindo, ulwimi olungasulungekanga nolungamkelekanga.
- Phonononga umxholo isimbo sokubhala nerejista.
- Sebenzisa iimpawu zokubhala uze upele ngokuchanekileyo.
- Bhala idrafti yokugqibela uze ungenise itekisi oyibhalileyo.

3. IINDIDI ZEZINCOKO

Zintlanu iindidi zezincoko. Kulindeleke ukuba umfundi webanga le-10 abhale amagama angama-240-290.

Umfundi webanga le-11 kulindeleke ukuba abhale amagama angama-290-340. Umfundi webanga le-12 abhale amagama angama340 - 390 kwisincoko.

3.1 ISINCOKO ESIBALISAYO

Isincoko esibalisyalo luthotho lweziganeleko ezicwangciswe ngokulandeelanayo nangokuvakalayo:

IIMPAWU:

- Bhala ngebalu / ngesiganeko esenzekileyo / isiganeko esiqwetyiweyo
- Bhala isakhiwo sebali esidlwengula umxhelo esinomtsalane nesikholelekayo.
- Kumaxesha amaninzi kusetyenziswa ixesha elidlulileyo, kodwa ababhali abaninzi basebenzisa ixesha langoku ukutsala umdla.
- Umhlathi wokuqala oyintshayelelo mawubhalwe ngendalela enomtsalane nenika umdla.
- Qinisekisa ukuba isiphele sesanelisayo okanye esintsingiselo mbini nesingenakuqikelewa.
- Sebenzisa intetho ngqo xa ufunu umlinganiswa abe ngathi ngophilayo.
- Ibalu kufuneka libe nomxholo obambekayo nokholelekayo nokuba lisekwe kwinto ebuntsomirha.
- Umdla womfundi kufuneka ugcinwe kude kuyokuba sekupheleni.
- Kufuneka isimbo, izixhobo zobuciko kanye nentshukumo elapha ebalini iqinisekise ukuba umfundi ugcinwa enomdla.

Imizekelo yezihloko

1. Sasonwabe kakhulu nabahlobo bam, umculo usitsho phezulu.
2. Ngesiquphe kwavakala inyikima wanga umhlaba uyashukuma.
3. Ndandisithi ndiyamazi kanti ndiyazikhohlisa.

4. Saba sibi isiphelo somdlalo owawuphakathi kwamaqela amabini aziwayo iChiefs nePirates.
5. Inene umthathi uyawuzala umlotha.

3.2 ISINCOKO ESICHAZAYO

Kwisisinkoko esichazayo, umbhali uchaza umba othile, ngaloo ndlela ezama ukuba umfundi asive, asiqonde isihloko esichazwayo kangangoko ngendlela ecace gca. Kungachazwa umntu othile kungenjalo umba othile.

IIMPAWU:

- Chaza umntu / into ngendlela etsala umdla womfundi.
- Sebenzisa isigama esikhethekileyo ukudala umfanekiso.
- Sebenzisa imifanekiso ngqondweni yokubonwayo, okuvakalayo, okungcanyulwayo nokuphathwayo.
- Sebenzisa izigaba zentetho ngokukuko.

Imizekelo yezihloko:

1. Kwigumbi lokulindela logqirha wamazinyo.
2. Ubusuku benkqwithelo.
3. Linguqulelo ezenziwa kwindawo ohlala kuyo.
4. Izinto zangomso asizazi, imini nganye indinika ithemba.
5. Liyinene elithi iindlela zimbini ebomini.

3.3 ISINCOKO ESICAMNGCAYO

Isincoko esicamngcayo simalunga nezimvo, iimbono, iingcinga neemvakalelo zombhali malunga nesihloko esithile. Idla ngokuba sisihloko avakalelwayo ngaso. Umbhali uvakalisa uluwo lwakhe.

IIMPAWU:

- Kufuneka sibe nesakhiwo esibunjwe ngobunono.
- Izimvo/ iingcinga/ uvakalelo olunikwayo kufuneka luveze ukunyaniseka kunye nokubandakanyeka komntu.
- Eyona ndawo ingundoqo apha kwisinkoko esi ingaba yile inika inkcazo. Le nkazo kufuneka icace kakuhle yaye ijonge ukuhlaziya iinkumbulo okanye uvakalelo lombhali kumfundu.

Imizekelo yezihloko:

1. Le yindlela endiyikhumbula ngayo eyona yona titshala yakhe yandifundisa.
2. Xa ndinokuba nguMongameli welizwe loMzantsi Afrika.
3. zinto endizenzileyo ebutsheni bam zindenza ndibambe ongezantsi.

4. Iliwa libhek'umoya.
5. Lubalulekile unxibelelwano phakathi kwabazali nabantwana.

3.4 ISINCOKO ESIXOXAYO

Isincoko esixoxayo sidla ngokutyekela kwicala elinye, kubakho ukuxhaswa okanye ukuchaswa kolovo oluthile.

Kwisincoko esixoxayo umbhali unoluvo okanye imbono ethile, aze ke axoxe ngeenjongo zokukhusela okanye ukuphembelela icala alikhethileyo. Uluvo lombhali kufuneka lucace gca. Esi sisincoko apho umbhali anika ulovo lwakhe kuphela ngendlela ezama ukuqinisekisa lowo ufunda isincoko ukuba amkele ze abelane nabanye ngoluvo lwakhe.

IIMPAWU:

- Qala isincoko ngokwendlala ezakho iimbono ngesihloko ngendlela enika izimvo ezizezakho nezitsala umdla.
- Khetha icala libe linye ze ulioxele kangangoko.
- Nika uluhlu lweembono ukuxhasa ulovo, kunye nokuzingqina.
- Nika ingqwalasela kumanqaku angqinelana okanye achasana nenkazel.
- Ulwimi olusetyenziswayo malube lolubonisa uvakalelo, yaye lungaba loluchukumisayo, kodwa kufuneka lungabi nabukrwada.
- Isiphele sesincoko kufuneka sibe nomdla, sicace kwaye sinike inkczelo ekholelekayo ngoluvo.

Imizekelo yezihloko:

1. Icamva loMzantsi Afrika lixhomekeke kutyalo-mali lwamazwe asemzini.
2. Incwadi ngumqwayito wolwazi.
3. Ukufunda simahla kwiiYunivesiti zoMzantsi Afrika kuya kuyenza bayithakazelele abafundi imfundo.
4. Umntu wasetyhini angaliphatha eli lizwe loMzantsi Afrika.

3.5 ISINCOKO ESIVELELA AMACALA OMABINI

Isincoko esivelela amacala omabini sithanda ukulungelelaniswa kwaye kuvelelwa zonke iinkalo xa kuxoxwa ngomba othile. Isakhiwo saso sicwangcisa ngobunono sicacise injongo yokokuba umbhali angathathi cala lithile nangona enokuvakalisa ulovo lwakhe. Umbhali uthathela ingqalelo iindidi ngeendidi zeemeko zesihloko esixoxwayo, aze anikezele ngezimvo ezingangqinelaniyo ngendlela engakhethi cala. Umbhali angafikelela kwisigqibo esithile ekupheleni kwesincoko, kodwa iingxoxo ezingqinelana okanye ezichasene nesihloko kufuneka zibekwe ngendlela ebonisa ukulingana kwezimvo, nangendlela ecazulula ngokucacileyo kwisincoko siphela. Isiphele esisiso simshiya umfundi engenamathandabuzo ngoluvo.

IIMPAWU:

- Umbhali kufuneka aqonde, kwakhona akwazi ukucingisia nokucamngca ngawo omabini amacala engxoxo ngendlela engathathi cala, nangendlela ebonakalisa ulwazi.

- Okubhaliwego kufuneka kucace, kubonakalise ingqiqo.
- Kufuneka kunikwe iinkcazel oezizolileyo, ezicingisiswe zaxhaswa kakuhle.
- Umbhali angabonisa ulovo lwakhe ekupheleni kwesincoko, oku kufuneka kwensiwe kwisiphelo sesincoko.

Imizekelo yezihloko:

1. Ukulunga nokungalungi kokukhutshwa kwezisu.
2. Yimfundo kuphela enokutshintsha ubomi bakho.
3. Umbutho we-EFF ngowona uza kusikhulula kweli lizwe.
4. Indima edlalwe ngoMongameli uZuma ngexesha lolawulo lwakhe.
5. Ukulunga nokungalungi kokukhethelwa ikamva ngumzali.

Qaphela:

- ❖ Isigama lulwimi oluchanekileyo olusetyenziswa kwimeko ethile obhala ngayo.
- ❖ Amagama ngala abalwayo ukuba mawabe mangaphi xa ubhala isincoko.

4 IMIHLATHI

Umfundi okwibanga le-10 -kwibanga le-12 kulindeleke ukuba abhale umhlathi okumyinge wamagama ali – 100-120 (umxholo kuphela)

4.1 ILETA YOBUHLOBO

Olu didi lubhalelwa izihlobo, izalamane, nabahlobo ngeenjongo ezahlukaneyo.

Injongo

Kukugqithisa ulwazi/ umyalezo nokugcina ubudlelwane. Umbhali ke kufuneka aqiniseke ukuba ubhalela bani kanye. Umbhali usenokubhalela umsakwabo ecela ukuya kuchitha iiholide ukanti usenokubhalela unina okanye uyise esenza esi sicelo sinye. Umahluko uba kwithoni nerejista.

IIMPAWU:

- Mayiqulathe idilesi enye ebhalwe ngendlela eyamkelekileyo iqalwe kwisiqingatha sephepha, ime, ingaxwesi. Umhla, inyanga nonyaka ebhalwe ngawo mawubhalwe ngasezantsi kwedilesi. (inyanga mayibhalwe ngokwamagama ingengawo amanani umz. 12 Julayi 2018)
- Uvumelekile ukuboleka igama lesiNgesi xa ubhala inyanga kodwa ulibhale ngesiXhosa (umz. Matshi) okanye usebenzise iinyanga zentsusa (Tshazimpuzi).
- Emva kwedilesi kulandela isibuliso. (umz: Nolundi endimthandayo)
- Shiya umgca phakathi kwedilesi nesibuliso (isibuliso sibhalwa ngesiXhosa).
- Akukho ziphumlisi kwidilesi, kwisibuliso nakwisiphelo.
- Kubalulekile ukuba imihlathi yakho yesiqu uyahlule ngokweengcamango ezahlukaneyo.

- Sebenzisa ulwimi olungekho sesikweni ukuya kolusesikweni. (olusesikweni ulusebenzisa xa uthetha nomntu omdala kunawe)
- Isiqukumbelo seleta yakho sidla ngokubhekisa kwimbuliso okanye iminqweno emihle.
- Kwisiphelo seleta yobuhlobo kubhalwa: umhlobo wakho kunye negama lakho elingenafani. (Akuvumelekanga ukuba ufake intsayino gama)
- Isiphelo sihambelana nalowo ileta ijoliswe kuye umz: ukuba ubhalela umama wakho, uza kuthi: Intombi yakho/ Unyana wakho wandule ukubhala igama lakho elingenafani ngasezantsi.

lindidi zimbini

- Zileta zobuhlobo apho kungekho mmiselo uthe ngqo womongo, ziymbalelwano nje phakathi kwabahlobo nezihlobo. Kwezi leta kuncokolwa iindaba nje malunga notyelelo, imitshato, iiholide, imibhiyozo, ukucela imali njl. njl.
- Ezinye iileta zobuhlobo kufuneka uhlale ngqo emongweni, unggala ngqo kumongo umz: xa unqwenelela ubani aphile okanye aphumelele kwiimviwo, xa uvakalisa amazwi ovelwano kobhujelweyo, usomeleza umntu ogulayo okanye osengxakini njl njl.

Umzekelo weleta eyamkelekileyo:

P.O BOX 1889

Alice

5685

12/Meyi/2018

Mama endimthandayo

Kuluvuyo kum ukuba ndifumane eli thuba lokukubhalela le leta, kuba sixakeke ngeyona ndlela kule kota, silungiselela iimviwo zesiqingatha sonyaka.

Solanga omhle, ndicela nindivumele notata ngezi holide zobusika ndihambe nomhlobo wam uNana ndiye kutyela iholide kokwabo eGcuwa. Uthi kuza kube kukho iqela elivelu kuCentane eliza kudlala eqongeni incwadi esiyifundayo ethi iNkawu idliw'ilila. Kubalinganiswa abaza kube bengabadlali kwiqonga, kuza kube kukho nombhali wale ncwadi uMnu. S. Kula, nto leyo eya kundinika ithuba lokuba ndizibuzele imibuzo kwiindawo endingaziqondiyo. Loo nto iza kwenza ukuba ndiyiqonde ngakumbi le ncwadi kuba ndiza kubabona ngamehlo ndibeve ngeendlebe abalinganiswa.

Ndiyanithembisa ukuba ndakuziphatha kakuhle, andisayi kuniphoxa.

Ndibulisele kutata nakubantakwethu. Ndikuthembile ke Bhelekazi, mama wam, ukuba akunakundiphoxa.

Sala kakuhle mama wam

Intombi yakho

Yandisa

Umzekelo weleta engamkelekanga:

Umsebenzi:

Funda lo mzekelo wale leta engamkelekanga usebenzisa ulwazi olufumene ngasentla ulungisa iziphene.

Alice

P.O Box 1885

West Street

5685

12-05-2018

Mama wam othandekayo.

Kuluvuyo kum ukuba ndifumane elithuba lokukubhalela le leta, kuba sixakeke ngeyona ndela kule kota silungiselela imviwo zesiqingatha sonyaka.

Solanga omhle, ndicela nindivumele notata ngezi holide zobusika ndihambe nomhlobo wam uNana ndiye kutyela iholide kokwabo egcuwa. Uthi kuza cube kukho iqela elivelu kuCentane eliza kndlala incwadi esiyifundayo ethi iNkawu idliw'ilila. Kubalinganiswa abaza cube bengabadlali kwiqonga, kuzakube kukho nombhali wale ncwadi uMnu. S kula nto leyo eyakundinika ithuba lokuba ndizibuzele imibuzzo kwiindawo endingaziqondiyo.

Lo nto iza kwenza ukuba ndiyiqonde ngakumbi lee ncwadi kuba ndiza kubabona ngamehlo ndibeve ngeendlebe abalinganiswa. Ndiyanithembisa ukuba ndakuziphatha kakuhle, andisayi kuniphoxa.

Ndibulisele kutata nakubantakwethu. Ndikuthembile ke Bhelekazi, mama wam ukuba akunakundiphoxa.

Sala kakuhle mama wam

Eyakho intombi

Yandisa vena (nkszn.)

4.2 IILETA ESESIKWENI/YASEBURHULUMENTENI

Olu didi lubhalelwu umntu osesikhundleni esithile ngenjongo yokucela umsebenzi, inkxaso-mali, ukukhalaza okanye umbulelo. Kunyanzelekile ukuba ulandele imigaqo eyiyo kuba kulindeleke ukuba kubuye impendulo ngokwengxam yoko kuphakathi eleteni. Ixabiso lolu didi lweleta luvela xa sekubuye impendulo.

IIMPAWU:

- Ineedilesi ezimbini (eyokuqala yejomhali weleta ikwingalo yangasekunene kumantla ephepha elandelwa ngumhla ebhalwe ngawo iletu , eyesibini yejalo mntu ubhalelwayo ikwingalo yangasekhohlo entla kwesibuliso).
- Entla kwale yesibini idilesi kuvela igama okanye isikhundla salo ubhalelwayo (umanejala /inqununu).
- Idilesi zilandelwa sisibuliso umz. Mhlekazi obekekileyo njl njl.
- Isibuliso silandelwa ngumcimbi engawo iletu leyo, ushwankathelwa ube libinzana elifutshane. Kukho umgca otsitywayo phakathi kwesibuliso kunye nomcimbi.
- Umcimbi ukuba ubhalwe ngoonobumba abakhulu awuwukrweleli mgca ngaphantsi kodwa ukuba ubhalwe ngoonobumba abancinci uyawukrwelela.
- Emva komcimbi kulantela isiqu seleta yakho.
- Isiqu seleta silandelwa ngumhlathi wokuqukumbela.

- Phakathi komhlathi wokuqukumbela kunye nesiphelo kubakho umgca otsitywayo.
- Iphethwa ngelithi, Ozithobileyo, kuze kulandeliswe ngegama kunye nefani yombhali ngezantsi.
- Akukho ntsayino gama ekuggibeleni.

Umzekelo weleta yaseburhulumenteni

51 Charlotte Street

Sakhele Park

East London

5000

17 Juni 2018

Inqununu

Sakhele Senior Secondary School

P.O. Box 28

Ngqeleni

5100

Mhlekazi obekekileyo

Isicelo sendawo yokufunda ibanga leshumi elinanye ngowama-2019

Ndiyinkwenkwe eneminyaka elishumi elinesixhenxe, ndifunda kwisikolo semfundo ephakamileyo saseMditshwa ndifunda ibanga leshumi. Ndicela indawo yokufunda ibanga leshumi elinanye kwisikolo sakho kulo nyaka uzayo.

Ndenza ezi zifundo zilandelayo: isiXhosa ulwimi lwasekhaya, ezeNzululwazi, iziBalo, ezobuGcisa, ezoLimo, isiNgesi kunye nezfundo ngezoBomi.

Ndililungu lequmrhu lengxoxo-mpikiswano, ndikwathabatha nenxaxheba kukhuphiswano lwentetho elungiselelwewyo. Ndithabatha inxaxheba kwibhola ekhatywayo ukanti ndikwayiyo nenjuze.

Ndingavuya kakhulu ukuba isicelo sam sinokwamkeleka.

Ozithobileyo

Namama Andile

4.3 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO

I-ajenda sisicwangciso senkqubo eza kulandelwa xa kuxoxwa imiba entlanganisweni. Imizuzu yentlanganiso zizigqibo ezibhaliweyo ezithatyathiweyo entlanganisweni ngokubhekiselele kwimiba leyo ebekuxoxwa ngayo.

IIMPAWU:-

I-ajenda

- Kwi-ajenda kubekwa imiba/izihlokwana ekuza kuxoxwa ngazo
- Ithunyelwa kubantu abamenyiweyo entlanganisweni.
- Umba ngamnye wabelwa ixesha.

Imizuzu yentlanganiso:

- Kwimizuzu kubhalwa oko bekuxoxwa kwaza kwavunyelwana ngako entlanganisweni.
- Bhala oku kulandelayo:
 - Igama lequmrhu.
 - Umhla, indawo nexesha lentlanganiso.
 - Ukudwelisa amagama abantu abakhoyo nezingxengxezo.
 - Ukubhala ingxoxo, izigqibo/ inyathelo elithatyathiweyo nomntu oza kuthabatha uxanduva
 - Sebenzisa ixesha elidlulileyo

Umzekelo we-ajenda nemizuzu yentlanganiso

I-ajenda nemizuzu yentlanganiso yesigqeba esilawula isikolo (SGB) iGungubele S.S.S.

Umhla: 20/Matshi/2018

Indawo: eholweni lesikolo

I-AJENDA

1. Uvulo nolwamkelo.
2. Abakhoyo nezingxengxezo.
3. Ufundo lwemizuzu yentlanganiso edlulileyo.
4. Imivuka.
5. Imicimbi.
 - 5.1 Ukutshintshwa kukamakufanwe esikolweni.
 - 5.2 Ukongezwa komdlalo weqakamba kwimidlalo ekhoyo.
6. Eminye imiba.
7. Umbulelo.
8. Uvalo.

IMIZUZU YENTLANGANISO

1.Uvulo nolwamkelo

Intlanganiso ivulwe ngomthandazo nguMnumzana Mvambo ongushihlalo.

Wamkele onke amalungu ewabulela ngokubamba ixesha.

2. Abakhoyo nezingxengxezo

Unobhala ujikelezise irejista kubantu abakhoyo ukuze basayine.
Amalungu aphelele akukho singxengxezo.

3.Ukufundwa kwemizuzu yentlanganiso engaphambili

Imizuzu ifundwe nguNkosazana Saga, yangqinwa yaxhaswa nguMnumzana Matewu. Usihlalo wentlanganiso uye wayisayina ngokusemthethweni.

4. Imivuka

Imivuka ayibangakho.

5. Imicimbi:

5.1 Ukutshintshwa kukamakufanwe esikolweni

USihlalo uchaze umcimbi wokutshintshwa kukamakufanwe esikolweni. Intlanganiso ivumelene ngamxhelo mnye ukuba makatshintshwe umakufanwe ukususela kunyaaka olandelayo, abafundi bathenge evenkileni enye.

5.2 Ukongezwa komdlalo weqakamba kwimidlalo ekhoyo.

Amalungu avumelene ngamxhelo mnye ukuba olu hlobo lomdlalo luyadingeka kwaye luyathandwa ngabafundi. Kugqitywe ukuba uMnumzana Zinto, okwangutitshala apha esikolweni, uza kuba ngumqeqliki njengamntu unesakhono kulo mdlalo.

6. Eminye imiba

UMnu. Pilayi ongusekela sihlalo uphakamise umcimbi wokuchetywa kwamabala esikolo njengoko iimvula zehlobo ziyenza ikhule ngokukhawuleza ingca. Kuye kwavunyelwana ukuba lo mcimba uza kuxoxwa kwintlanganiso elandelayo.

7.Umbulelo

Usihlalo ubulele amalungu ngenkxaso yawo engagungqiqiyo ekukhuliseni esi sikolo.

8.Uvalo

Intlanganiso ivalwe ngofefe nguSihlalo ngentsimbi yesixhenxe.

Iqulunqwe: nguNomandla Nodidi (Unobhala)

4.4 ISIVI

Isivi ziinkcukacha anokuthi ubani azithengise ngazo kumqeshi.

IIMPAWU:

- linkcukacha ngawe.
- iziqinisekiso zemfundo onazo.
- Amava onawo omsebenzi xa unawo.
- Izinto onomdla kuzo.
- Abantu abanokunika ulwazi ngawe (abantu abanokukungqina).

Umzekelo wesivi neleta ekhaphayo

IINKCUKACHA NGAM	Habe
IFANI	
IGAMA	Linamandla
IDILESI YASEKHAYA	No 25 Jojweni Street
	Aliwali North
	2515
INOMBOLO YOCINGO	0519555970
ISINI	Indoda
INOMBOLO YESAZISI	8809265457083
UMHLA WOKUZALWA	26 Septemba 1988
ULWIMI LWENKOBE	IsiXhosa
EZINYE IILWIMI	IsiNgesi, IsiBhulu
IMPILO	Intle
IPHEPHA MVUME LOKUQHUBA	Khowdi 14
IZINTO ENDINOMDLA KUZO	Ukufunda amaphephandaba, umculo, ezemidlalo nokuqeqesha abantwana kwibhola ekhatywayo ekuhlaleni
IINKCUKACHA NGEMFUNDU	
ISIKOLO ESIPHAKAMILEYO	Khanyisa High School
IBANGA	Ibanga le-12
UNYAKA	2007
IZIFUNDU ENDIZIPHUMELELEYO	IsiXhosa, IsiBhulu, IsiNgesi, Izibalo, ezeNzululwazi, ezoLimo kunye nezfundo zoBomi.
IINKCUKACHA NGOMSEBENZI	
IGAMA LENKAMPANI	PEP
OWONA MSEBENZI	Ukuhlawulisa abathengi
UNYAKA	2008-2009
ABANTU ABANOKUNIKA ULWAZI NGAM	Mnu B. Zondo (Inquununu yesikolo)
	Inombolo yomnxeba: 0617026392
	H.Z Lunika (imanejala yakwaPEP)
	Inombolo yomnxeba: 0798842670

34 Jojweni Street

Aliwal North

2515

10 Matshi 2018

Umanejala

Edgars Stores

Aliwal North

2515

Mnumzana Obekekileyo

Umcimbi: Isicelo somsebenzi

Ndingumfana oneminyaka engama-30, ndenza isicelo somsebenzi kwicandelo lokubala impahla. Ndiphumelele ibanga leshumi kunya ka-2007 kwisikolo samabanga aphakamileyo iKhanyisa. Ndifunde izifundo zoshishino.

Ulwazi oluthe vetshe ngam luyafumaneka kwiSivi ehambelana nale leta.

Ndingavuya ukuba isicelo sam singamkeleka.

Ozithobileyo

Linamandla Habe

4.5 I-OBHITSHUWARI

I-obhitshuwari ngamaggabantshintshi ngobomi bomntu ongasekhoyo.

IIMPAWU

- Ibhala kumntu wesithathu HAYI kumntu wokuqala u(NDI)
- Igama nefani yomntu oswelekileyo, umhla awazalwa ngawo, indawo awazalelwa kuyo, amagama abazali bakhe.
- Amaggabantshintshi ngemfundo apha kukho imfuneko.
- Amaggabantshintshi ngeendawo aphanjele kuzo.
- Izinto ezibalulekileyo nezimalunga nobomi bakhe ezifana nokutshata (ukuba kuyangena).
- Unobangela wokusweleka kwakhe ukuba ugulile kodwa ungangeni nzulu.
- Abantu abashiya ngasemva namazwi okuthuthuzela umz inkosikazi / umyeni wakhe /abantwana nabantakwabo (ukuba ebenabo)
- Amazwi okumkhapha, mhlawumbi neziduko zakhe.

Umzekelo we-obhitshuwari

I-OBHITSHUWARI KANOMZEKELO TRIPHINA RATYELO

UMzekelo Thomas Ratyelo walibona ilanga ngomhla wama-21 kuNovemba ngowe-1977. Uzalwa ngutata uMthetheli nomama uNonceba Ratyelo, ezalelwa kwilali yaseQhankqu kuQumbu. Ulizibulo kubantwana abathathu, nguye namantombazana amabini.

Amabanga akhe aphantsi uwafunde eQhankqu J.S.S. waze wadlulela kwisikolo samabanga aphezulu iSulenkama S.S.S. apho aphumelele ibanga lematriki ngonyaka wama-2006. Ufumene umsebenzi kwisikhululo samapolisa eMthatha ngowama-2007. Emva kwethuba uye wonyuselwa wayingqonyela yamapolisa waza watshintshelwa kwisikhululo saseMonti.

Uzimanye ngeqhina lomtshato nentombi enguMsuthukazi uMaMokoena onkaba yakhe iseMount Fletcher kwilali yaseThinana.

Balizwe ngabantwana abathathu, inkwenkwe enye neentombi ezimbini.

Ukhale ngentloko kwiveki ephelileyo, waza wathi singalindelanga savakala isithonga sokuwa komthi omkhulu esiya kwelo khaya lokugqibela ngomhla we-19 kuDisemba ngowama-2017. Ushiya ngasemva inkosikazi yakhe kunye nabantwana bakhe abathathu, noodade wabo ababini.

Thuthuzelekani mzi wamaMpondo naBakoena akuhlanga lungehlanga. UThixo akathathi nto angashiyi nto.

Sithi lala ngoxolo Nokwindla, Tyhopho, Malambedlile, umzamo omhle uwuzamile.

QAPHELA

- ❖ Sebenzisa ulwimi oluhloniphayo nolundilisekileyo, umz. endaweni yokuthi ufile yithi uswelekile / usishiyle/ usandulele.

4.6 UDLIWANO-NDLEBE

Yingxoxo elungiselelwego phakathi kwabantu ababini nangaphezulu.

IIMPAWU:

- Ingxoxo ibhalwa njengoko isenzeka.
- Kwintshayelelo obuza imibuzo unika imvelaphi yomntu ambuzayo.
- Kwisiqo obuzayo ubuza imibuzo esemxholweni emalunga nesihloko nobuzwayo uphendula okubuzwayo.
- Makushiywe umgca phakathi kwezithethi.
- Sebenzisa ulwimi olundilisekileyo.
- Mamelisia uphendule imibuzo ngendlela obuzwe ngayo ubonakalisa ukuzithemba.
- Umntu obuzwayo uphendula imibuzo enika ulwazi olulindelekileyo.
- Umntu omnye usenokubuzwa imibuzo yiphaneli.

- Indlela yokulubhala kukubhala umbuzo olandelwa yimpendulo.
- Qala kumgca osekohlo ubhale igama lesithethi lilandelwe yikholon.
- Njengakuzo zonke iingxoxo kwintetho-ngqo awuzifaki iimpawu zocaphulo.
- Usebenzisa umntu wokuqala umz. Ndi.....

Imibuzo neependulo:

- Obuzayo makabonise ulwazi oluphangaleleyo. Imibuzo mayihlelwe ngendlela ukuze kufunyanwe ulwazi olufanelekileyo nolulindelekileyo kulowo ubuzwayo.
- Imibuzo inganxibevelana nengaphambili.
- Iimpendulo mazicacise ngokwaneleyo, zinike izimvo neengongoma ezifanelekileyo.
- Ithoni nolwimi luxhomekeke kubudlelwana phakathi kwezithethi nomba ekuxoxwa ngawo.
- Imibuzo neependulo makube ngathi ziyazizela.
- Ulwimi malungabi loluntsokothileyo maybe lolwamkelekileyo nolulula.

Umzekelo wodliwano-ndlebe

Udliwano-ndlebe oluphakathi kwegosa elimele idyunivesithi kwicandelo lezamakhondo kunye nomfundi okwibanga leshumi elinambini.

Mnu. Phosa:	Ndiyabulisa Zandile, ndiyavuya ukufumana ithuba lokuthetha nawe malunga namakhondo ofuna ukuwalandela.
Zandile:	Ndiyabulisa nam mnumzana, ndinovuyo ukwabelana nawe ngendlela yokukhetha Ikhondo.
Mnu. Phosa:	Khawuthi gqabagqaba ngamakhondo abe mathathu onqwenela ukuwalandela siza kujonga kuwo.
Zandile:	Ndinqwenela ukufundela ukuba ngunontlalo ntle, ubutitshala okanye ubugqwetha.
Mnu. Phosa:	Qaphela ke Zandile, kula makhondo uwanqwenelayo iyunivesithi ilindele ukuba ube namanqaku (points) athile kwikhondo ngalinye, umz: ubunontlalontle kulindeleke ukuba abe namanqaku angama-28, ubutitshala amanqaku angama-34, ubugqwetha amanqaku angama-36.
Zandile:	Ndiyabulela uyisusile inkwethu emehlwani ngale nkaza, bendingazi ukuba kungenwa ngamanqaku eyunivesithi.
Mnu. Phosa:	Eyunivesithi kukho isebe elinceda abafundi abangenandlela yokuhlawula nelibizwa ngokuba nguNSFAS.Qiniseka ukuba ufaka isicelo sokufuna indawo yokufunda kwangoku. Imali ka- NSFAS uyifumana usakube ungene eyunivesithi.
Zandile:	Enkosi kakhulu tata ngolu Iwazi, Ndiza kube sendifaka ezi ziphumo xa ndisenza isicelo sokwamkelwa.
Mnu. Phosa:	Kuluvuyo kakhulu kum ukuthetha nawe Zandile, ndibona umntu ozimiseleyo nonomdla, ukuze uphumelele ebomini kufuneka uzimisele uxizelele ukuba into oyifunayo uza kuyifumana, enkosi.

4.7 INGXOXO YABABINI:

Yingxoxo ephakathi kwabantu ababini nangaphezulu.

IIMPAWU:

- Kufuneka kubekho intshayelelo ebhalwe kwizibiyeli umz: indawo, izithethi nomba ekuxoxwa ngawo.
- Kusetyenziswa intetho-ngqo ngaphandle kweempawu zocaphulo.
- Isithethi sibhalwa ngasekhohlo ephepheni, ze silandelwe yikholon [:]
- Shiya umgca ongabhalwanga phakathi kwezithethi.
- Ingcaciso engenye ibhalwa kwizibiyeli ()
- Ithoni nerejista zixhomekeke kubuhlobo bezithethi kunye nesihloko abathetha ngaso.

Umzekelo wegxoxo yababini

(Kusendlwini kaNzwaki kudibana uNzwaki noBuyiswa baxoxa ngeendlela zokonga imali)

Buyiswa	Halala! Mhlobo wam, utyhile kwelinye iphepha ngoku.
Nzwaki:	Uthetha ukuthini na MaBuyi mhlobo wam, ndisokola kangaka?
Buyiswa:	Ndibona umnyobo lo wemoto, wenza njani wena?
Nzwaki:	Ndizincamile mhlobo, ndidinwe kukusokola.
Buyiswa:	Usokola entwenini na? Hayi uyandilinganisela ke ngoku.
Nzwaki:	Uyayazi nje mhlobo wam ukuba ndiphuma ebusuku emsebenzini ngeentsuku ezithile, ndihambe ngeenyawo, loo nto indibeke emngciphekweni wokulinyazwa ngootsotsi. Kuye kwanyanzeleka ukuba ndinciphise kwizinto ezingabalulekanga ndizithengele le moto. Yiyo le nto ndikwaziyo ukuyibhatala.
Buyiswa:	Ndiyavuyisana nawe mhlobo wam. Nam ndingavuya ukuba ungandisebisa ngeendlela zokonga imali ukuze ndizithengele nam imoto.
Nzwaki:	Icebo linye mhlobo wam kukunciphisa kwizinto ezingabalulekanga ebomini bakho ukwenzela ukuba umvuzo wakho ukwazi ukumelana namatyala akho.
Buyiswa:	Enkosi kakhulu mhlobo wam ngecebo ondiphe lona ungumhlobo wenene.
Nzwaki:	Umhlobo yinto yaloo nto, ukuba singabahlobo benene kufuneka sincedane, sikhulisane kwaye singamonelani. Ukuba awuxakekanga kule mpelaveki singahamba kunye ndikukhuphe ukhe uyive.
Buyiswa:	Ndakuzama kangangoko mhlobo wam, enkosi.

(Baphume)

4.8 INTETHO

Kukuthetha gabalala, unabengoma othile esidlangualeleni.

IIMPAWU:

- Kubalulekile ukusazi isimbo sokuthetha oza kusisebenzisa, ixesha, indawo, injongo, abaphulaphuli noko uza kuthetha ngako.
- Qala intetho yakho ngendlela etsala umdla.
- Waphuhlise amanqaku akho kakuhle, ungaqsho ngentetho ekruqulayo.
- Sebenzisa izivakalisi ezimfutshane ezikhathshwa ziingcingane ezilula usebenzisa imizekelo eqhelekileyo.
- Lungelelanisa izigxeko zakho nezincomo onazo.
- Isiphelo sibalulekile kwaye ukhumbule ukuba ayisosishwankathelo sokubhaliwego.

Qaphela oku phambi naxa ubhala/usenza intetho:

- Njani? Uza kuthetha njani, wonwabile okanye ukhathazekile.
- Nini? Uza kuthetha nini? Usisithethi sosuku? Emva kwesidlo sakusasa, emini, emalanga okanye ebusuku.
- Phi? Ecaweni, emtshatweni, esikolweni, elalini, uthetha eholweni o k a n y e ebaleni lebhola.
- Yintoni injongo yetheko /into oza kuthetha kuyo? Umenyelwe ukuba uthethe ngantoni?

- Ngubani oza kuba elapho? Bangaphi, bancinci, badala, ngoomama, ngootata, ngabantwana njl njl.

Umzekelo wentetho

Intetho kaMongameli uThabo Mbeki yoBume beSizwe yomhla we-9

kuFebruwari ngowama-2009, i “State of the Nation Address”

Somlomo obekekileyo kunye neSekela lakho;

Malungu eNdlu yowiso-mthetho kunye nabaThunywa beNdlu yeBhunga leSizwe yePhondo abekekileyo, iindwendwe zethu nabantu ngokubanzi.

Ndiyavuya ukuxela ukuba ngokubhekiselele kwesinye nesinye sezi zibophelelo, uRhulumente uthe gqolo ukusebenza nzima ukuqinisekisa ukuba iinjongo zesizwe ziyafezekiswa.

Inani labantu abaqeshiweyo liye linyuka kangangesiqingatha sesigidi ngonyaka. Sibone inkqubela ethe chu ekuphuculweni kwamathuba abantu abaNtsundu kuqoqosho. Ukusuka ekubenit ngabanini bokungaphezulwana nje kwe-3% bemalike yotyalo-mali yeJSE ngowama-2004, oku kunyuke phantse kufike

ku-5%; yaye nokumelwa kwabantu abaNtsundu kwinqanaba eliphezulu lolawulo kukhule ukusuka kuma-24% olu lawulo lulonke, Iwaya kuma-27%. Kodwa kunjalo, kufuneka sihlale sikhumbula ukuba la manani asemancinane ngokungathethekiyo. Imitsi kwimeko yoqoqosho ibeke imingeni emikhulu ngolona hlobo phambi kwethu.

Ukwanda okukhulu okungabuyi mva kwiiimfuno zabathengi kubonisa ukukhula okuncomekayo kumanqanaba empilo engcono kuluntu lonke jikelele; yaye nezona projekthi zeziseko ezingoondoqo eziphezu kwazo zinyanzelisa amagalelo amakhulu ezbonelelo noomatshini bokwenza.

Nangona kunjalo isiphumo sokuzinikela nokwamkela kurhwebo lwamazwe ngamazwe sibonisa ukuba asiphumelelanga ukwakha ikhono lokavelisa iimpahla eziphambili nezo esezielungele ukusetyenziswa eziyimfuneko elizweni lethu.

[Esi sicatshulwa sithatyathwe kwintetho kaMongameli u Thabo Mbeki i “State of the Nation Address” yomhla we-9 Februwari kowama-2009, iphepha lesi-5. Yaze yaguqulelwa esiXhoseni]

4.9 INGXELO

Sisishwankathelo esinika iinkcukacha eziphambili ngesiganeko, imeko okanye uphando oluthile. Luxwebhu olusesikweni oluqulethe iinyaniso zodwa ngesiganeko esithile. Kufuneka ibe nesihloko esitsala umdla kumfundi wayo.

IIMPAWU:

- Ingxelo inokuba yephandwayo okanye eboniweyo. Injongo yayo kukwabelana ngolwazi.
- Bhala isihloko, intshayelelo isiqu, isiphelo, izindululo, izalathisi nezihlomelelo.
- Ukuze kube kulula ukuyiqonda into ekuthethwa ngayo imiba mayibhalwe ngokweengongoma.
- Sebenzisa ulwimi nethoni ngokodidi lwengxelo leyo uyenzayo.
- Makucace gca ukuba kuthethwa ngantoni kwaphaya kwisihloko sakho.
- Kusetyenziswa ingxelo-ntetho.
- Yahlule intetho yakho ngokwezhlokwana, uzinike iinombolo ukuze kube lula ukwenza unxibelewano.

- Mayibe nombhali wayo onegama aze ayisayne kune nomhla ebhalwe ngawo.

Umzekelo wengxelo

Ingxelo ngohambelo Iwabafundi kwifama yeenciniba e-Oudtshoorn eNtshona Koloni

Igama lesikolo: Senyukele S.S.S. eMt. Ayliff

Umhla: 10 Epreli ukuya kumhla we-15 ku-Epreli ngowama- 2018

Inani labafundi: Ngama-30

Ibhalelwu: uMnu Gasela (inqununu yesikolo)

Izithuthi

Izithuthi esizisebenzisileyo bezikumgangatho ophezulu kakhulu nowanelisayo zinabo noomabonakude. Beziwulungele kakhulu umsebenzi wazo ebeziwukhethelwe.

Iindawo zokulala

Silele kwiibhedi ezikhweleneyo zabantwana noxa kunjalo ubuncumisa umgangatho, zicocekile kwakunye neengubo zazo. Amagumbi ngokunjalo nawo ebococekile.

Iindawo zokutyla nokutya

Umgangatho wokutya ubuphezulu kakhulu, sisitya ukutya okumnandi nokuya egazini. Ibicocekile indawo yokutyla nabantu abakulungisayo becocekile, benxibe iimpahla ezifanayo ezimhlopho bethe chu iminqwazana entloko ukogquma iinwele. Bebenenkathalo bebonisa ububele nokusamkela abantu bomzi esilaliswe kuwo. Ibikokokuqala sisitya inyama neqanda lenciniba.

Iindlela zokuzonwabisa

Sikhweliswe iinciniba sathatha neefoto nazo. Sisiwe kwindawo apho kwenziwa khona imveliso ngesikhumba senciniba, kulapho abafundi bathengele khona abazali babo izipho ezinjengeminqwazi, amabhanti, iiwalethi njl njl.

QAPHELA:

- ❖ Ibhala kumntu wesithathu.
- ❖ Ingcaciso eqqibeleyo.
- ❖ Ulwimi olusesikweni.

4.10 NQAKU LEMAGAZINI NEPHEPHANDABA

Kulapho umbhali adandalazisa khona izinto azithandayo nangazithandiyo.

4.10.1 IMAGAZINI

IIMPAWU ZENQANKU LEMAGAZINI:

- Isihloko masibe sifutshane sitsale umxhelo.
- Ubhalo malulungelelaniswe lahlulwe ngokwemihlathi kubekho intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Umbhali makakhankanywe.
- Indlela yokubhala maybe yevela kuwe, uthetha ngqo nomfundi.
- Ukuze utsale umdla womfundi, inqaku malibe lelinika ulwazi lusithi ndifunde.
- Ithoni eveza okucingwa ngumbhali, imo nesihloko zixhomekeke kuhlobo lwenqaku, abantu ababhalelwayo nakumbhali.
- Amanqaku adla ngokuchaphazela izinto ezifana nezoluntu, ezopolitiko, ezenkcubeko njl njl.

Umzekelo: Inqaku lemagazini

ISINQANDAMATHE SILITSHISILE ITYOTYOMB <small>E</small>		
Intokazi eminyaka engama-23 iye yatsha kanobomi emva kokuba ityotyombe layo lintunyekwe ngomlilo sisinqandamathe sayo bakuba bexabene. Ivumba lokutsha, ubumpahlana obutshileyo nesitya sokuhlambela kuphela kwezinto eziseleyo kweli tyotyombe. URachael Van Wyk ebexheleke emoyeni akukhumbula ukuba udade wabo ebevaleleke kuloo malangatye. 'Indoda ethile ikwazile ukophula amacangci etyotyombe ngomhlakulo yazenza idini yangena kuloo malangatye ebelephuza ngokungenalusizi. Umnyango ubuvalwe mba. Udade wethu waxhuma wagqotsa ukuza kum. Ndambona kwantlandlolo ndathatha ibhatyi ebendiyinxibile ndamcima umlilo ngayo. Ebetshe kakhulu nasebusweni enezilonda.' Isinqandamathe sakhe naso sibalekile sinezilonda zokutsha entloko nasezingalweni.	Abekhaya bathi obu buhlobo sekungamatyeli amaninzi buchithwa. Esi sibini kungona sisanda kubuyelana. Isithethi samapolisa uSajini Dlamini uthe abekhaya nabamelwane bancedisene ukucima loo mlilo basindisa eso sibini phambi kokufika kwezicima-mlilo. Esi sibini sisiwe esibhedlele eKimberley apho sinyangelwa ukutsha ezandleni, ebusweni nasemilenzeni. Bobabini bakwimeko encumisayo noko. Kubekwe amapolisa esibhedlele ukuba agade indoda eminyaka engama-27 ukuze ingaqhweshi. UDlamini uthe le ndoda ibanjwe ngamapolisa asemoyeni ngentsimbi yesibhozo ekuseni ngonobangela walo mlilo. Iziphumo ziya kuthunyelwa kubacuphi. Umrhanelwa uza kuvela kwinkundla yamatyala eKimberley kungentsuku zatywala. UDlamini wongeze ngelithi, amapolisa ecandelo lezinja enza uphando	USIndie Van Wyk ongunina wexhoba ebekhathazekile kuba intombi yakhe iya kuphuma esibhedlele ingenakhaya. lingubo zakhe nezinye izinto zomandlalo, asazibhatalayo, zonke zitshe kuloo mlilo. Uthi ubulela uThixo kuba umzukulwana wakhe wayengalalanga nabazali bakhe ngolwesiHlanu. Icawa yamaDatshi, amapolisa neWomen's Network zinikezele ngokutya nempahla yokunxiba. Ithatyathwe kwiBona yesiXhosa kaFebruwari 2018

4.10.2 INQAKU LEPHEPHANDABA

Inqaku ngumhlomlo ofumaneka kwiphephandaba, elibhalwa ngumntu/ngabantu abathile malunga nomba/imiba ethile.

Injongo:

- Kukwazisa nokonwabiswa umfundi ngokumbandakanya kwizinto anomdla kuzo.
- Inqaku lingabhalwa ngendlela evuselela umothuko, inkathalo, ukuvuyisa ngesihloko acinga ukuba umbhali sibalulekile ekuhlaleni.

IIMPAWU:

- Veza iingongoma njengoko zinjalo zingachatshazelwa ziimbono zakho.
- Bhala nangayiphi na into onomdla kuyo neza kudala umdla wabafundi.
- Chaza ngokufutshane umba obhala ngawo kodwa ucace gca.
- Shwankathela ngokucacileyo ungayigqwethi into eyinyaniso.
- Nika isihloko esicacileyo nesivakalayo uze wongeze nesihlokwana esicacileyo.
- Qala ngokona kubaluleke kakhulu: umzekelo, ngubani, yintoni, nini, phi, kutheni nokangananani.

Umzekelo wenqaku lephephandaba:

KODE KUBE NINI SILINDE IZITHEMBISO EZINGAZALISEKISWAYO?		
Abahlali badikwe yeokosa ngathi batye inyama yehagu zizithembiso zomlomo ezenziwa esidlangularaleni ziinkokheli zezopolitiko ezingazalisekiswayo. Ucinga ukuba kwakuze kubekho utshintsho kwiziphumo zebanga leshumi eMpuma Koloni? Kukangaphi ufunda emaphepheni ngokusilela kweSebe lezezindlu kweli loMzantsi Afrika ekupuhhliseni isimo sentlalo? Umbane wona lo unyuka imihla nezolo phofu indawo ezininzi azikabi nawo siwulibalelani?	Le mali ingaka inikwa abantwana bethu, ibakhuthaza ukuba mababe ngathi bayazala endaweni yokufunda bazisebenzele, uyithini? Kudala sijonge enkalweni akukho lutshintsho, sisathenjiswa imihla nezolo. Intetho ethi " ukuthetha ayisikokwenza " ithi thaa engqondweni yam qho xandibhala inqaku. Masilibale ngoJacob Maronga weEskom owamkela izigidi ezihlanu ngonyaka, ze anyuselwe umvuzo ngamashumi amabini anesihlanu eepesenti.	Uthini ngesiqebheyi nesiqendu saseLand Bank apho izigidi ngezigidi zemali zokupuhhlisa abalimi zehliswe ngomlenze? "Kungaqhuma kubasiwe" le misadulo noqhankqalazo olwenziwa ngabahlali ithi badikwe yeokosa, bathi maxhalanga sidleni, ingase ihle ehlayo inyuke enyukayo, kwanele zizithembiso zomlomo. Kode kube nini kanti silinde iinkonzo zokupuhhlisa impilo yabahlali! Lithatyathwe kwi-llisolomzi Februwari 10 2018

4.11 IRIVYU: Sisigxeko-ncomo

Isenokuba sisigxeko-ncomo sencwadi, somdlalo weqonga, somboniso bhanyabhanya, serestyu njnlj, kodwa apha siza kugxila kwisigxeko-ncomo sencwadi.

IIMPAWU:

- Inika ulovo lomphendli ngencwadi okanye umdlalo.
- Inika ulwazi lwencwadi ngeli lixa kanye ibhalelw ukunika ulovo.
- Iyashwankathela, ukuba yincwadi ithathwa ifakwe ebalini ngeziganeko ezilandeelanayo, kucalulwe umlinganiswa ngamnye kwababalulekileyo ngamagama ambalwa.
- Iyabhalwa ukuze inike isigxeko-ncomo ngencwadi efundiweyo, umdlalo obukelweyo njl njl.
- Kufuneka umbhali walo msebenzi abonakalise ukunyaniseka.
- Kufuneka abonakalise ukuyazi kakhulu le nto kuthethwa ngayo.
- Kuyafuneka ke ukuba kubalulwe ukuba ngoobani abantu abafanele ukusebenzisa le ncwadi nezizathu zoko.
- Umsebenzi wayo kukuncedisa ekuthatheni iziggibo zokuba uyithenge na oko kukuthi iyabancedisa abathengisi ekuthengiseni izinto zabo.

➤ Uvumelekile umbhali ukuba acaphule nalapha kumxholo eyona nto inokwenza umtsalane ebantwini .

Okubalulekileyo ngobhalo Iwerivy/ isigxeko-ncomo sencwadi

- Nika ezi nkukacha: igama lencwadi, umbhali, isihloko sencwadi, umpapashi, kwakunye nexabiso layo.
- Umbhali ngamnye ubhala ngovakalelo lwakhe malunga nencwadi olungaphikisekiyo nakubani na omakishayo.
- Gqiba ukuba ifanele oobani le nto ubhala ngayo ungabhalo nje.
- Qaphela ukuba uyaluveza udidi lwencwadi leyo uyihlalutyayo ukuba yidrama /noveli /imibongo/ ibhayografi. Gqala indlela abakhiwa ngayo abadlali /abalinganiswa, umoya, isimo sentlalo esiphembelela izinto ukuba zenzeke kwakunye nodidi lobhalo.
- Irivy ithabatha icala elithile. Bangababini abantu abenza irivy ngomsebenzi omnye kodwa bavakalise izimvo ezahlukeneyo ngomsebenzi lowo. Buxhaphakile uburharha/ izihlekiso kwirivy.
- Xela umyalezo esiwunikwa ngumbhali ngale ncwadi yakhe/ okanye imfundiso.

Umzekelo werivyu yencwadi:

Igama lencwadi:	Inkawu idliw'ilila
Umbhali:	Siphatheleni Kula
Unyaka wokupapashwa:	2015
Abalinganiswa abaphambili:	Thantaswa, Mfuneko, Mapheza, Msindisi
Uhlobo lwencwadi:	iNoveli
Indawo elihubeka kuyo ibali:	Kwidolophu iMthatha, iGcuwa neDutywa kunye nelali yaseNtabozulu kuCentane.
Lenzeka nini:	Kule mihla (oko kungqinwa zizixhobo ezisetyenziswayo – imoto kaMsindisi, iiselula nemipu.
Lingantoni ibali:	Lingolwaphulo mthetho olubangelwe zezi ziganeko zilandelayo: <ul style="list-style-type: none">• Uthando olunganyanisekanga oluphuhliswa ngumlinganiswa onguThantaswa.• Ukunyoluka, Ukkrexesa, Ubugwinta nenzondo
Izinto endizithandileyo ebalini:	<ul style="list-style-type: none">a. Ukuvela kukaMfuneko ukuba nguye owaphula umthetho nangona elipolisa.b. Ukufa kukaThantaswa noMfuneko emsebenzini wabo okhohlakeleyo.c. Ixhwele elinguSiphongo lifumana isohlwayo ngokophula umthetho kaThixo othi uz'ungabulali, ufunu ukubulala uMapheza kuba ethengwe nguMfuneko engaqondanga ukuba isikhuni sibuya nomkhwezeli.d. Endaweni yokufa kukaMapheza kufa unyana kaSiphongo uSakhiwo.
Imfundiso:	Le ncwadi iqulethe imfundiso ebhekisa kuzo zonke iindidi zabantu, injongo ekuhlaleni, emisebenzini, emitshatweni, emakhaya njl njl.

ISIQENDU SESIBINI
ISIKHOKELO SOKUFUNDISA NOKUYILA IZINCOKO
NEETEKISI ZONXIBELELWANO
ISIXHOSA
ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
AMABANGA 10-12
2018

1. INJONGO YESI SIKHOKELO

Le ncwadi inika ingcaciso emfutshane ngeendlela zokubhala kwaye inika amanqaku nemizekelo engqamene neendidi zezincoko, imihlathi emide nemifutshane. Ukufundiswa kwezi tekisi kuza kuphucula isakhono sokubhala nokunikezela kubafundi.

2. INKQUBO YOKUBHALA

Ukufundisa ukubhala kudla ngokuquka ukusebenza ngokwenkubo yokubhala. Nangona kunjalo akunyanzelekanga ukuba asetyenziswe onke amanyathelo ale nkqubo ngamaxesha onke, umz. xa ubhala uhlobo lwetekisi oluqhelekileyo kuza kufuneka uhlalutye isakhiwo salo kunye neempawu zolwimi ngokunabileyo. Kungakho amaxesha apho kuza kufuneka ukuba ugxininise kwisakhiwo sesivakalisi okanye ekubhalweni komhlathi okanye ubhale iitekisi ezingenadrafti xa ulungiselela uviwo.

AMANQANABA ALANDELWAYO KWINKQUBO YOKUBHALA

1. Ukucwangcisa/ phambi kokubhala.
2. Ukuyila / Ukwenza idrafti
3. Ukuhlaziya
4. Ukuhlela
5. Ukulungisa iziphene
6. Ukunikezela.

Ukucwangcisa/ phambi kokubhala.

- ukuhlalutya isakhiwo, iimpawu zolwimi nerejista yodidi lwetekisi eza kubhalwa

- Ukuthabatha iziggibo ngenjongo yetekisi, abantu ababhalelwayo kunye nomxholo.
- Ukuqokelela izimvo ngesihloko usebenzisa ubungqina bokucwangcisa.
- Ukuxoxa ngemilinganiselo eza kusetyenziswa ukuphonononga lo msebenzi ubhalwayo.
- Ukuphanda ngesihloko umz: Ithala leencwadi.
- Ukuchonga izimvo eziphambili neengombolo ezixhasayo.
- Ukulandelanisa izimvo ngokwesicwangciso ukwenzela ukuba zivakale.

Ukuyila /ukwenza idrafti

- Ukubhala idrafti yokuqala uthathele ingqalelo injongo, abafundi bayo, isihloko nohlobo lwetekisi.
- Ukukhetha amagama afanelekileyo, umz. kwizincoko usebenzise amagama atsala umdla namabinzana ukwenzela ukuba okubhaliwego kunike umdla.
- Cwangcisa izimvo ngokulandelana okuvakalayo ukwenzela ukuba ingxoxo ithungelane kakuhle kwisincoko.
- Cwangcisa izimvo ukwenzela ukuba ibali livakale.
- Sebenzisa ilizwi (umntu woku-1 nomntu wesi-3) nesimbo esithile.
- Fundisia idrafti, ufundele notitshala noogxa bakho basesikolweni baze banike ingxelo.

Ukuhlaziya, ukuhlela, ukulungisa iimpazamo nokunikezela ngokubhaliweyo

- Ukuphonononga izinto abazibhalileyo nezibhalwe ngabanye belungiselela ukuziphucula besebenzisa imilinganiselo emiselwego.
- Phucula isigama, isakhiwo sezivakalisi nemihlathi.
- Ukulandelelanisa nokunxibelelanisa imihlathi.
 - Ukunciphisa ubumbaxa bolwimi ususe amagama angeyomfuneko okanye naluphi na ulwimi olungamkelekanga oluetsyenzisiwego.
 - Sebanzisa igram, upelo neempawu zokubhala ngokuchanekileyo.
- Ukulungisa idrafti yokuggibela kuquka inkangeleko umzekelo izihloko.
- Nikezela ngetekisi.

3. IINDIDI ZEZINCOKO

Zintlanu iindidi zezincoko. Kulindeleke ukuba umfundi webanga le-10 abhale amagama-90-140, umfundi webanga le-11 amagama ali-140-190 umfundi kwbanga le 12 abhale amagama ali-190-240

3.1 ISINCOKO ESIBALISAYO

Kwisincoko esibalisyay kulapho kubaliswa khona ibali okanye kulapho kubaliswa ngesiganeko esadlulayo. Singavelelwa nangayiphina indlela.

IIMPAWU:

- Ibalu kufuneka libe nomxholo obambekayo nokholelekayo nokuba lisekwe kwinto ebuntsomirha.
- Isincoko esibalisyay sidla ngokubhalwa kusetyenziswe ixesha eladlulayo.
- Umhlathi oyintshayelelo kufuneka uyithimbe ingqondo yalowo ufunda isincoko.
- Ibalu elililo lisoloko linento elifuna ukuyipphuhlisa.
- Isiphele esinomdla esingaqhelekanga sinika ibali umqukumbelo wokugqibela.
- Umdla womfundi kufuneka ugcinwe kude kuyokuba sekupheleni. Kufuneka isimbo, izixhobo zobuciko kunye nentshukumo elapha ebalini iqinisekise ukuba umfundi ugcinwa enomdla.
- Ukubalisa okuphumeleleyo kubonakalisa ngokucacileyo iinkcukacha zokuva ezinjengokubona, isandi, incasa, ivumba kunye nezo zinokuviva ngokuziphatha ngesandla.
- Isincoko esibalisyay sisoloko sinophawu lokubalisa olumandla.

Imizekelo yezihloko

- Ingozi esube imiphefumlo yabantu eyenziwe nguloliwe osuka eBhayi esiya eRhawutini.
- Ingingqi ohlala kuyo ibihlaselwe yinkanyamba yenza umonakalo omkhulu.
- Isala kutyelwa sibonwa ngolophu.

3.2 ISINCOKO ESICHAZAYO

Kwisincoko esichazayo umbhali uchaza umba othile, ngaloo ndlela ezama ukuba umfundi asive, asiqonde isihloko esichazwayo kangangoko, ngendlela ecace gca. Kungachazwa umntu othile kungenjalo umba othile.

IIMPAWU:

- Umbhali kufuneka ayile umfanekiso ngokusebenzisa amagama achaza oko kwenzeka kwesi sincoko sichazayo.
- Amagama kwakunye nolovo akhethwa ngocoselelo ukuze kuphunyezwe ifuthe elifunekayo.
- Kungasetyenziswa imifanekiso ngqondweni, isandi, incasa kunye nomfanekiso wokubamba into uyichukumisa, kusenzelwa ukuniqa umfanekiso othe tha waloo nto ichazwayo kwisincoko.
- Izafobe zisetyenziswa zikwimo yazo yentsusa.

- Kufuneka abafundi babe namava ngesihloko. Kunzima kakhulu ukuchaza into ngaphandle kokuba ube nolwazi lwentsusa ngento leyo ayichazayo.

Imizekelo yezihloko

- Amaphephandaba neemagazini ziphelelwe lixesha ngenxa kamabona kude.
- Zithande ukwanda iingozi ezindleleni ngenxa yokuqhuba phantsi kwempembelelo yotywala.
- Inani labantwana abahlala ezitalatweni liyanda mihla le.

3.3 ISINCOKO ESIXOXAYO

Kwisincoko esixoxayo umbhali unoluvo okanye imbono ethile, aze ke axoxe ngeenjongo zokukhusela okanye ukuphembelela icala alikhethileyo. Uluvo lombhali kufuneka lucace jikelele. Esi sisincoko apho umbhali anika uluvo lwakhe kuphela ngendlela ezama ukuqinisekisa lowo ufunda isincoko ukuba abelane nabanye ngoluvo lwakhe

IIMPAWU:

- Qala isincoko ngokwandlala ezakho iimbono ngesihloko ngendlela enika izimvo ezizezakho nezitsala umdla.
- Khetha icala libe linye ze ulioxele kangangoko.
- Nika uluhlu lweembono ukuxhasa uluvo, kunye nokuzingqina.
- Nika ingqwalasela kumanqaku angqinelana okanye achasana nenkcazel.
- Ulwimi olusetyenziswayo malube lolubonisa uvakalelo, yaye lungaba loluchukumisayo, kodwa kufuneka lungabi nabukrwada.
- Isiphelo sesincoko kufuneka sibe nomdla, sicace kwaye sinike inkcazel ekholelekayo ngoluvo.

Imizekelo yezihloko

- Ifuthe lobuhlanga lisavakala noxa uMzantsi Afrika uneminyaka ukhululekile.
- Ukunyuka kwezinga lemfundo elizweni lethu luxanduva lomntu wonke.

3.4 ISINCOKO ESIVELELA AMACALA OMABINI

Isincoko esivelela amacala omabini sibhalwa ngendlela engabonisi kuqhutywa luluvo lombhali, yaye iinjongo zolu hlobo lwesincoko kukunika omabini amacala engxoxo. Umbhali uthathela ingqalelo iindidi ngeendidi zeemeko zesihloko esixoxwayo, aze anikezele ngezimvo ezingangqinelaniyo ngendlela engakhethi cala. Umbhali angafikelela kwisiggibo esithile ekupheleni kwesincoko, kodwa iingxoxo ezingqinelana okanye ezichasene nesihloko kufuneka zibekwe ngendlela ebonisa ukulingana kwezimvo, nangendlela ecazulula ngokucacileyo kwisincoko siphela.

IIMPAWU:

- Qala isincoko ngokwandlala ezakho iimbono ngesihloko ngendlela enika izimvo ezizezakho netsalayo.
- Umbhali kufuneka anike uluhlu lweembono ukuxhasa uluvo, kunye nokuzingqina.
- Umbhali uya kuqwalasela kumanqaku angqinelana OKANYE achasane nenkcazel.

- Isincoko esixoxayo singanika iimbono zombhali kuphela, izimvo ziya kunikwa ngendlela engqalileyo. lintlobo ngeentlobo zezixhobo ezibonisa ubuciko, kunye nobugcisa bokucenga, kufuneka busetyenziswe.
- Ulwimi olusetyenziswayo luya kuba lolubonisa uvakalelo, yaye lungaba loluchukumisayo, kodwa kufuneka lungabi nabukrwada.
- Isiphelo sesincoko kufuneka sibe nomdla, sicace kwaye sinike inkcazel ekholelekayo ngoluvo lombhali.

Imizekelo yezihloko

- Ukuyekiswa koswazi ezikolweni ngunobangela weziphumo ezibi zebanga leshumi elinambini.
- Ukufika kweselula kubenze ngcono ubomi bethu.
- Abantu abavela kwamanye amazwe basithathela imisebenzi yethu.

3.5 ISINCOKO ESICAMNGCAYO

Kwisincoko esicamngcayo umbhali ucamngca ngoluvo, aze anike impendulo kunye novakalelo lwakhe oluchukumisayo. Umbhali angacamngca, umzekelo, ngamaphupha okanye umnqweno.

IIMPAWU:

- Isincoko esicamngcayo siya kuveza iimbono ngendlela eveza iimbono zombhali kuphela.
- Uvakalelo kunye nokuchukumiseka, kudlala indima ephambil.
- Eyona ndawo ingundoqo apha kwisincoko esi ingaba yile inika inkcazo. Ezi nkcazo kufuneka zicace kakuhle yaye zijonge ukuhlaziya iinkumbulo okanye uvakalelo lombhali kumfundu.
- Izimvo/iingcinga/uvakalelo olunikwayo kufuneka luveze ukunyaniseka kunye nokubandakanyeka komntu.

Imizekelo yezihloko zocamngco:

- Uyile nto uyityayo.
- Ukuba amanzi angangabikho.
- Abantu abatsha mabanikwe ithuba bamanyelwe ePalamente.

4 IMIHLATHI EMIDE

Ubude betekisi obulindelekileyo bungamagama angama-80 ukuya kumagama ali-100 (umxholo kuphela) ibanga le-10-12. lindidi zeetekisi umlingwa aya kulindeleka ukuba azibhale.

4.1 ILETA YOBUHLOBO

IIMPAWU:

- Mayiqulathe idilesi enye ebhalwe ngendlela eyamkelekileyo iqalwe kwisiqingatha sephepha, ime, ingaxwesi. Umhla, inyanga nonyaka ebhalwe ngawo mawubhalwe ngasezantsi kwedilesi. (inyanga mayibhalwe ngokwamagama ingengawo amanani umz. 12 Julayi 2018)
- Akukho ziphumlisi kwidilesi, kwisibuliso nakwisiphelo.
- Uvumelekile ukuboleka igama lesiNgesi xa ubhala inyanga kodwa ulibhale ngesiXhosa (umz. Matshi) okanye usebenzise iinyanga zentsusa (Tshazimpuzi).

- Emva kwedilesi kalandela isibuliso. (umz. Nosipho endimthandayo)
- Shiya umgca phakathi kwedilesi nesibuliso.
- Kubalulekile ukuba imihlathi yakho yesiqu uyahlule ngokweengcamango ezahlukeneyo.
- Sebenzisa ulwimi olungekho sesikweni ukuya kolusesikweni. (olusesikweni ulusebenzisa xa uthetha nomntu omdala kunawe)
- Isiqukumbelo seleta yakho sidla ngokubhekisa kwimbuliso okanye iminqweno emihle.
- Kwisiphelo seleta yobuhlobo kubhalwa: umhlobo wakho kune negama lakho elingenafani. (akuvumelekanga ukuba ufake intsayino gama)
- Isiphelo sihambelana nalowo ileta ijoliswe kuye umz: ukuba ubhalela umama wakho, uza kuthi: Intombi yakho/ Unyana wakho wandule ukubhala igama lakho elingenafani ngasezantsi.

Injongo

Kukugqithisa ulwazi/ umyalezo nokugcina ubudlelwane.

lindidi zimbini

Ziileta zobuhlobo apho kungekho mmiselo uthe ngqo womongo, ziyimbalelwano nje phakathi kwabahlobo nezihlobo. Kwezi kuncokolwa iindaba nje malunga notyelelo, imitshato, iiholide, imibhiyozo, ukucela imali njl.njl.
 Ezinye iileta zobuhlobo kufuneka uhlale ngqo emongweni, unggala ngqo kumongo, umz: xa unqwenelela ubani ukuba aphile okanye aphumelele kwiimviwo, xa uvakalisa amazwi ovelwano kobhujelweyo, usomeleza umntu ogulayo okanye osengxakini njl njl.

Umzekelo weleta eyamkelekileyo:

P.O. BOX 1885

Alice

5685

12 Meyi 2018

Mama endimthandayo

Kuluvuyo kum ukuba ndifumane eli thuba lokukubhalela le leta, kuba sixakeke ngeyona ndlela kule kota, silungiselela iimviwo zesiqingatha sonyaka.

Solanga omhle, ndicela nindivumele notata ngezi holide zobusika ndihambe nomhlobo wam uNana ndiye kutyela iholide kokwabo eGcuwa.Uthi kuza kube kukho iqela elivelu kuCentane eliza kudlala incwadi esiyifundayo ethi UMonwabisu. Kubalinganiswa abaza kube bengabdlali kwiqonga, kuza kube kukho nombhali wale ncwadi uMnu. Z. A.Japhta nto leyo eya kundinika ithuba lokuba ndizibuzele imibuzo kwiindawo endingaziqondiyo. Loo nto iza kwenza ukuba ndiyiqonde ngakumbi le ncwadi kuba ndiza kubabona ngamehlo ndibeve ngeendlebe abalinganiswa.

Ndiyanithembisa ukuba ndakuziphatha kakuhle, andisayi kuniphoxa.

Ndibulisele kutata nakubantakwethu. Ndikuthembile ke Bhelekazi, mama wam ukuba akunakundiphoxa.

Sala kakuhle mama wam

Intombi yakho

Alunamda

Umzekelo weleta e engamkelekanga:

Umsebenzi:

- ❖ Funda lo mzekelo wale leta engamkelekanga usebenzisa ulwazi olufumene ngasentla ulungisa iziphene

Alice

P.O. Box 1885

West Street

5685

12-05-2018

Mama wam othandekayo.

Kuluvuyo kum ukuba ndifumane elithuba lokukubhalela le leta, kuba sixakeke ngeyona ndela kule kota silungiselela imviwo zesiqingatha sonyaka.

Salonga omhle, ndicela nindivumele notata ngezi holide zobusika ndihambe nomhlobo wam uNana ndiye kutyela iholide kokwabo egcuwa. Uthi kuza kube kukho iqela elivela kuCentane eliza kudlala incwadi esiyifundayo ethi Umonwabisi. Kubalinganwabiiswa abaza kube bengabadlali kwiqonga, kuzakube kukho nombhali wale ncwadi uMnu. Z. Japhta nto leyo eyakundinika ithuba lokuba ndizibuzele imibuzo kwiindawo endingaziqondiyo. Lo nto iza kwenza ukuba ndiyiqonde ngakumbi lee ncwadi kuba ndiza kubabona ngamehlo ndibeve ngeendlebe abalinganiswa. Ndiyanithembisa ukuba ndakuziphatha kakuhle, andisayi kuniphoxa.

Ndibulisele kutata nakubantakwethu. Ndikuthembile ke Bhelekazi, mama wam ukuba akunakundiphoxa.

Sala kakuhle mama wam

Eyakho intombi

Yandisa vena (nkszn.)

4.2 ILETA ESESIKWENI /YASEBURHULUMENTENI

Olu didi lubhalelwu umntu osesikhundleni esithile ngenjongo yokucela umsebenzi, inkxaso mali, ukukhalaza okanye umbulelo njl njl. Kunyanzelekile ukuba ulandele imigaqo eyiyo kuba kulindeleke ukuba kubuye impendulo ngokwengxam yoko kuphakathi eleteni. Ixabiso lolu didi lweleta luvela xa sekubuye impendulo.

IIMPAWU:

- Ineedilesi ezimbini (eyokuqala yeyombhali weleta ikwingalo yangasekunene kumantla ephepha, eyesibini yeyalo mntu ubhalelwayo ikwingalo yangasekhohlo entla kwesibuliso).
- Entla kwale yesibini idilesi kuvela igama okanye isikhundla salo ubhalelwayo.
- Idilesi zilandelwa sisibuliso umz Mhlekazi obekekileyo njl njl.
- Isibuliso silandelwa ngumcimbi engawo iletu leyo, ushwankathelwa ube libinzana elifutshane. Kukho umgca otsitywayo phakathi kwesibuliso kunye nomcimbi.
- Umcimbi ukuba uwubhale ngoonobumba abakhulu awuwukrweleli mgca ngaphantsi kodwa ukuba uwubhale ngoonobumba abancinci uyawukrwelela.
- Emva komcimbi kulantela isiqu seleta yakho.
- Isiqu seleta silandelwa ngumhlathi wokuqukumbela.
- Phakathi komhlathi wokuqukumbela kunye nesiphelo kubakho umgca otsitywayo.

- Iphethwa ngelithi, Ozithobileyo, kuze kulandeliswe ngegama kanye nefani yombhali ngezantsi.
- Akukho ntsayino gama ekuggibeleni.

Injongo yeleta yoburhulumente

- Ineenjongo ezahlukeneyo umzekelo: ukufaka isicelo somsebenzi okanye inkxaso mali yemfundo / ibhasari ukukhalaza ukucela njalo njalo

Umzekelo weleta yaseburhulumenteni

51 Charlotte Street

Sakhele Park

East London

5000

17 Juni 2018

Inqununu

Sakhele Senior Secondary School

P.O. Box 28

Ngqeleni

5100

Mhlekazi obekekileyo

Isicelo sendawo yokufunda ibanga leshumi elinanye ngowama-2018

Ndingumfana oneminyaka elishumi elinesixhenxe, ndifunda kwisikolo semfundo ephakamileyo saseMditshwa ndifunda ibanga leshumi. Ndicela indawo yokufunda ibanga leshumi elinanye kwisikolo sakho kulo nyaka uzayo.

Ndenza ezi zifundo zilandelayo isiXhosa ulwimi lwasekhaya, ezeNzululwazi, iziBalo, ezobuGcisa, ezoLimo, isiNgesi kanye nezfundo ngezoBomi. Ndililungu lequmrhu lengxoxo-mpikiswano, ndikwathabatha nenxaxheba kukhuphiswano lwentetho elungiselelwego. Ndithabatha inxaxheba kwibhola ekhatywayo ukanti ndikwayiyo nenjuze.

Ndingavuya kakhulu ukuba isicelo sam sinokwamkeleka.

Ozithobileyo

Namama Andile

4.3 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO

I-ajenda sisicwangciso senkqubo eza kulandelwa xa kuxoxwa imiba entlanganisweni. Imizuzu yentlanganiso zizigqibo ezibhaliwego ezithatyathiwego entlanganisweni, ngokubhekiselele kwimiba leyo ebekuxoxwa ngayo.

IIMPAWU

I-ajenda

- I-ajenda sisicwangciso senkqubo eza kulandelwa entlanganisweni xa kuxoxwa.

- Kwi-ajenda kubekwa imiba/ izihlokwana ekuza kuxoxwa ngazo.
- Imiba idla ngokunonjolwa.
- Ulwimi lucaca gca.
- Kusetyenziswa amagama azizenzi.

Imizuzu

- Kwimizuzu kubhalwa oko bekuxoxwa kwaza kwavunyelwana ngako entlanganisweni.
- Ihambelana nezihlokwana ezikwi-ajenda.
- Ubhala iziphakamiso kunye nezigqibo kuphela.
- Usebenzisa ixesha elidlulileyo xa uyibhala.
- Igama lequmrhu.
- Umhla, indawo nexesha lentlanganiso.
- Ukudwelisa amagama abantu abakhoyo nezingxengxezo.
- Ukubhala ingxoxo, izigqibo/ inyathelo elithatyathiweyo nomntu oza kuthabatha uxanduva.
- Ixesha ephele/ evalwe ngalo intlanganiso.

Injongo ye-ajenda:

- Kukunika ukuma / indlela eza kuqhuba ngayo intlanganiso.

Injongo yemizuzu

- Ukubonisa ngobungqina ukuba intlanganiso ibihleli.

Umzekelo we-ajenda nemizuzu yentlanganiso

I-ajenda nemizuzu yentlanganiso yesigqeba esilawula isikolo (SGB) iGungubele SSS

Umhla: 20/Matshi/2018

Indawo: eholweni lesikolo

I-AJENDA

1. Ukuvula nolwamkelo.
2. Abakhoyo nezingxengxezo.
3. Ufundo lwemizuzu yentlanganiso edlulileyo.
4. Imivuka.
5. Imicimbi.
 - 5.1 Ukutshintshwa kukamakufanwe esikolweni.
 - 5.2 Ukongezwa komdlalo weqakamba kwimidlalo ekhoyo.
6. Eminye imiba.
7. Umbulelo.
8. Ukuvala.

IMIZUZU YENTLANGANISO

1.Ukuvula nolwamkelo

Intlanganiso ivulwe ngomthandazo nguMnumzana Mvambo ongushihlalo.

Wamkele onke amalungu ewabulela ngokubamba ixesha.

2. Abakhoyo nezingxengxezo

Unobhala ujikelezise irejista kubantu abakhoyo ukuze basayine.

Aphelele amalungu akukho zingxengxezo.

3.Ukufundwa kwemizuzu yentlanganiso engaphambili

Imizuzu ifundiwe nguNkosazana Saga yangqinwa yaxhaswa nguMnumzana Matewu. Usihlalo wentlanganiso uye wayisayina ngokusemthethweni.

4. Imivuka

Imivuka ayibangakho.

5. Imicimbi:

5.1 Ukutshintshwa kukamakufanwe esikolweni

USihlalo uchaze umcimbi wokutshintshwa kukamakufanwe esikolweni. Intlanganiso ivumelene ngamxhelo mnye ukuba makatshintshwe umakufanwe ukususela kunyaka olandelayo, abafundi bathenge evenkileni enye.

5.2 Ukongezwa komdlalo weqakamba kwimidlalo ekhoyo.

Amalungu avumelene ngamxhelo mnye ukuba olu hlobo lomdlalo luyadingeka kwaye luyathandwa ngabafundi. Kugqitywe ukuba umnumzana Zinto okwangutitshala apha esikolweni uza kuba ngumqequeshi njengamntu unesakhono kulo mdlalo.

6. Eminye imiba

UMnu. Pilayi ongusekela sihlalo uphakamise umcimbi wokuchetywa kwamabala esikolo njengoko iimvula zehlobo ziyenza ikhule ngokukhawuleza ingca. Kuye kwavunyelwana ukuba lo mcimbi uza kuxoxwa kwintlanganiso elandelayo.

7.Umbulelo

Usihlalo ubulele amalungu ngenkxaso yawo engagungqiqo ekukhuliseni esi sikolo.

8.Ukuvala

Intlanganiso ivalwe ngofefe nguSihlalo ngentsimbi yesixhenxe ngokuhlwa

Iqulunqwe: nguNomandla Nodidi (Unobhala)

4.4 ISIVI

Isivi ziinkcukacha anokuthi ubani azithengise ngazo kumqeshi.

IIMPAWU:

- linkcukacha ngawe.
- Iziqinisekiso zemfundo.
- Amava onawo ngomsebenzi.(xa unawo).
- Izinto onomdla kuzo.
- Abantu abanokwenza ingxelo ngokuziphatha kwakho.
- Ingqalile kwaye isesikweni ngokwesimbo.

Injongo

- Kukunika isishwankathelo ngobomi bomntu neziqinisekiso zemfundo.

Umzekelo wesivi

IINKCUKACHA NGAM	Habe
IFANI	
IGAMA	Linamandla
IDILESI YASEKHAYA	No 25 Jojweni Street
	Aliwali North
	2515
INOMBOLO YOCINGO	0519555970
ISINI	Indoda
INOMBOLO YESAZISI	8809265457083
UMHLA WOKUZALWA	26 Septemba 1988
ULWIMI LWENKOBE	IsiXhosa
EZINYE IILWIMI	IsiNgesi, IsiBhulu
IMPILO	Intle
IPHEPHA MVUME LOKUQHUBA	Khowdi 14
IZINTO ENDIZITHANDAYO	Ukufunda amaphephandaba, umculo ezemidlalo nokuqequesha abantwana kwibhola ekhatywayo ekuhlaleni
IINKCUKACHA NGEMFUNDU	
ISIKOLO ESIPHAKAMILEYO	Khanyisa High School
IBANGA	Ibanga le-12
UNYAKA	2007
IZIFUNDU ENDIZIPHUMELELEYO	IsiXhosa, IsiBhulu, IsiNgesi, Izibalo, ezeNzululwazi, ezoLimo kune nezoBomi
IINKCUKACHA NGOMSEBENZI	
IGAMA LENKAMPANI	PEP
OWONA MSEBENZI	Ukuhlawulisa abathengi
UNYAKA	2008-2009
ABANTU ABANOKUNIKA ULWAZI NGAM	Mnu B. Zondo (Inquunu yesikolo)
	Inombolo yomnxeba: 0617026392
	Mnu. H.Z Lunika (imanejala yakwaPEP)
	Inombolo yomnxeba: 0798842670

34 Jojweni stalato

Aliwal North

2515

10 Matshi 2018

Umanejala

Edgars Stores

Aliwal North

2515

Mnumzana Obekekileyo

Umcimbi: Isicelo somsebenzi

Ndingumfana oneminyaka engama-30, ndenza isicelo somsebenzi kwicandelo lokubala impahla. Ndiphumelele ibanga leshumi kunyaka ka-2007 kwisikolo samabanga aphakamileyo iKhanyisa. Ndifunde izifundo zoshishino.

Ulwazi oluthe vetshe ngam luyafumaneka kwiSivi ehambelana nale leta.

Ndingavuya ukuba isicelo sam singamkeleka.

Ozithobileyo

Linamandla Habe

4.5. I-OBHITSHUWARI

I-obhitshuwari ngamaggabantshintshi ngobomi bomntu ongasekhoyo.

IIMPAWU

- Ibhala kumntu wesithathu HAYI kumntu wokuqala u(NDI)
- Igama nefani yomntu oswelekileyo, umhla awazalwa ngawo, indawo awazalelwa kuyo, amagama abazali bakhe.
- Amaggabantshintshi ngemfundo apho kukho imfuneko.
- Umsebenzi kamfi, iindawo axelenge kuzo nesikhundla sakhe kwindawo nganye.
- Izinto ezibalulekileyo nezimalunga nobomi bakhe ezifana nokutshata (ukuba kuyangena)
- Ukuhlabeka kwakhe (uqale nini ukugula).
- Unobangela wokusweleka kwakhe ukuba ugulile kodwa ungangeni nzulu.
- Igalelo lakhe ekuhlaleni nezinto ebenomdla kuzo esaphila.
- Abantu abashiya ngasemva namazwi okubathuthuzela umz inkosikazi/ umyen i wakhe/abantwana nabantakwabo (ukuba ebenabo)
- Amazwi okumkhapha, mhlawumbi neziduko zakhe.

Injongo ye- obhitshwari

- Ukukhumbula, ukubika/ ukwazisa abanye ngokusweleka komntu.

Umzekelo we-obhitshuwari

I-OBHITSHUWARI KANOMZEKELO TRIPHINA RATYELO

UMzekelo Thomas Ratyelo walibona ilanga ngomhla wama-21 kuNovemba ngowe-1977. Uzalwa ngutata uMthetheli nomama uOnceba Ratyelo, ezalelwa kwilali yaseQhankqu kuQumbu. Ulizibulo kubantwana abathathu, nguye namantombazana amabini.

Amabanga akhe aphantsi uwafunde eQhankqu J.S.S. waze wadlulela kwisikolo samabanga aphezulu iSulenkama S.S.S. apha aphumelele ibanga Iematriki ngonyaka wama-2006. Ufumene umsebenzi kwisikhululo samapolisa eMthatha ngowama-2007. Emva kwethuba uye wonyuselwa wayingqonyela yamapolisa waza watshintshelwa kwisikhululo saseMonti.

Uzimanye ngeqhina lomtshato nentombi enguMsuthukazi uMaMokoena onkaba yakhe iseMount Fletcher kwilali yaseThinana.

Balizwe ngabantwana abathathu, inkwenkwe enye neentombi ezimbini.

Ukhale ngentloko kwiveki ephelileyo, waza wathi singalindelanga savakala isithonga sokuwa komthi omkhulu esiya kwelo khaya lokugqibela ngomhla we-19 kuDisemba ngowama-2017. Ushiya ngasemva inkosikazi yakhe kunye nabantwana bakhe abathathu, noodade wabo ababini.

Thuthuzelekani mzi wamaMpondo naBakoena akuhlanga lungehlanga. UThixo akathathi nto angashiyi nto.

Sithi lala ngoxolo Nokwindla, Tyhopho, Malambedlile, umzamo omhle uwuzamile.

QAPHELA

- ❖ Sebenzisa ulwimi oluhloniphayo nolundilisekileyo, umz. endaweni yokuthi ufile yithi uswelekile okanye usishiylile/ usandulele.

4.6 UDLIWANO-NDLEBE

Yingxoxo elungiselelwego phakathi kwabantu ababini nangaphezulu.

IIMPAWU:

- Kwintshayelelo uvelisa ukuba udliwano ndlebe lungantoni.
- Isithethi siphanda esinye ngokuthi sisibuze imibuzo.
- Njengakwingxoxo yababini amagama abo bathethayo abhalwa ngasekhohlo ephepheni.
- Kusetyenziswa ikholoni emva kwegama lomlinganiswa lowo uthethayo.
- Makushiywe umgca phakathi kwezithethi.
- Sebenzisa ulwimi olundilisekileyo.
- Udliwano ndlebe lubhalwa kwixesha langoku.
- Mamelisia uphendule imibuzo ngendlela obuzwe ngayo ubonakalisa ukuzithemba.

- Umntu omnye usenokubuzwa imibuzo yiphaneli.
- Indlela yokulubhala kukubhala umbuzo olandelwa yimpendulo.
- Njengakuzo zonke iingxoxo kwintetho-ngqo awuzifaki iimpawu zocaphulo.
- Usebenzisa umntu wokuqala umz. Ndi ...
- Kwisiqo obuzayo ubuza imibuzo esemxholweni emalunga nesihloko nobuzwayo uphendula okubuzwayo.

Imibuzo neempendulo:

- Obuzayo makabonise ulwazi oluphangaleleyo.
- Imibuzo mayihlelwe ngendlela ukuze kufunyanwe ulwazi olufanelekileyo nolulindelekileyo kulowo ubuzwayo.
- Imibuzo inganxibevelana nengaphambili.
- Impendulo mazicacise ngokwaneleyo, zinike izimvo neengongoma ezifanelekileyo.
- Ithoni nolwimi luxhomekeke kubudlelwana phakathi kwezithethi nomba ekuxoxwa ngawo.
- Imibuzo neempendulo makube ngathi ziyazizela.
- Ulwimi malungabi loluntsokothileyo maybe lolwamkelekileyo nolulula.

Injongo:

- Kukuhlola okanye ukuba umntu / abantu ukuze nifumane ulwazi ngaye kunye nomsebenzi.

Umzekelo wodliwano-ndlebe

Udliwano-ndlebe oluphakathi kwegosa elimele idyunivesithi kwicandelo lezamakhondo kunye nomfundu okwibanga leshumi elinambini.

Mnu. Phosa:	Ndiyabulisa Zandile, ndiyavuya ukufumana ithuba lokuthetha nawe malunga namakhondo ofuna ukuwalandela
Zandile:	Ndiyabulisa nam mnumzana, ndinovuyo ukwabelana nawe ngendlela yokukhetha ikhondo.
Mnu. Phosa:	Khawuthi gqabaggaba ngamakhondo abe mathathu onqwenela ukuwalandela siza kujonga kuwo.
Zandile:	Ndingwenela ukufundela ukuba ngunontlalo ntle, ubutitshala okanye ubugqwetha.
Mnu. Phosa:	Qaphela ke Zandile, kula makhondo uwanqwenelayo iyunivesithi ilindele ukuba ube namanqaku (points) athile kwikhondo ngalinye, umz: ubunontlalontle kulindeleke ukuba abe namanqaku angama-28, ubutitshala amanqaku angama-34, ubugqwetha amanqaku angama-36.
Zandile:	Ndiyabulela uysisusile inkwethu emehlwani ngale nkaza, bendingazi ukuba kungenwa ngamanqaku eyunivesithi.
Mnu. Phosa:	Eyunivesithi kukho isebe elinceda abafundi abangenandlela yokuhlawula nelibizwa ngokuba nguNSFAS. Qiniseka ukuba ufaka isicelo sokufuna indawo yokufunda kwangoku. Imali ka- NSFAS uyifumana usakube ungene eyunivesithi.
Zandile:	Enkosi kakhulu tata ngolu Iwazi, ndiza kube sendifaka ezi ziphumo xa ndisenza isicelo sokwamkelwa.
Mnu. Phosa:	Kuluvuyo kakhulu kum ukuthetha nawe Zandile, ndibona umntu ozimiseleyo nonomdla, ukuze uphumelele ebomini kufuneka uzimisele uziyelele ukuba into oyifunayo uza kuyifumana, enkosi.

4.7 INGXOXO YABABINI:

Yingxoxo ephakathi kwabantu ababini nangaphezulu.

IIMPAWU:

- Kufuneka kubekhona intshayelelo ebhalwe kwizibiyeli umz: indawo, izithethi nomba ekuxoxwa ngawo.
- Kusetyenziswa intetho-ngqo ngaphandle kweempawu zocaphulo.
- Isithethi sibhalwa ngasekhohlo ephepheni, ze silandelwe yikholon [:]
- Shiya umgca ongabhalwanga phakathi kwezithethi.
- Ingcaciso engenye ibhalwa kwizibiyeli ()
- Ithoni nerejista zixhomekeke kubuhlobo bezithethi kunye nesihloko abathetha ngaso.

Injongo

- Kukubhalwa konxibelelwano njengoko lusenzeka ngokuthe ngqo ngokweembono zesithethi.

Umzekelo wegxoxo yababini

(Kusendlwini kaNzwaki kudibana uNzwaki noBuyiswa baxoxa ngeendlela zokonga imali)

Buyiswa	Halala! Mhlobo wam, uthile kwelinje iphepha ngoku.
Nzwaki:	Uthetha ukuthini na MaBuyi mhlobo wam, ndisokola kangaka?
Buyiswa:	Ndibona umnyobo lo wemoto, wenza njani wena?
Nzwaki:	Ndizincamile mhlobo, ndidinwe kukusokola.
Buyiswa:	Usokola entwenini na? Hayi uyandilinganisela ke ngoku.
Nzwaki:	Uyayazi nje mhlobo wam ukuba ndiphuma ebusuku emsebenzini ngeentsuku ezithile, ndihambe ngeenyawo, loo nto indibeke emngciphekweni wokulinyazwa ngootsotsi. Kuye kwanyanzeleka ukuba ndinciphise kwizinto ezingabalulekanga ndizithengele le moto. Yiyo le nto ndikwaziyo ukuyibhatala.
Buyiswa:	Ndiyavuyisana nawe mhlobo wam. Nam ndingavuya ukuba ungandisebisa ngeendlela zokonga imali ukuze ndizithengele nam imoto.
Nzwaki:	Icebo linye mhlobo wam kukunciphisa kwizinto ezingabalulekanga ebomini bakho ukwenzela ukuba umvuzo wakho ukwazi ukumelana namatyalala akho.
Buyiswa:	Enkosi kakhlulu mhlobo wam ngecebo ondiphe lona ungumhlobo wenene.
Nzwaki:	Umhlobo yinto yaloo nto, ukuba singabahlobo benene kufuneka since dane, sikhulisane kwaye singamonelani. Ukuba awuxakekanga kule mpelaveki singahamba kunye ndikukhuphe ukhe uyive.
Buyiswa:	Ndakuzama kangangoko mhlobo wam, enkosi.

(Baphume)

4.8 INTETHO

Kukuthetha gabalala, unabengombi othile esidlangualaleni.

IIMPAWU:

- Kubalulekile ukusazi isimbo sokuthetha oza kusisebenzisa, ixesha, indawo, injongo, abaphulaphuli noko uza kuthetha ngako.
- Qala intetho yakho ngendlela etsala umdla.
- Waphuhlise amanqaku akho kakuhle, ungtsho ngentetho ekruqulayo.
- Sebenzisa izivakalisi ezimfutshane ezikhathshwa ziingcingane ezilula usebenzisa imizekelo eqhelekileyo.
- Lungelelanisa izigxeko zakho nezincomo onazo.
- Isiphelo sibalulekile kwaye ukhumbule ukuba ayisosishwankathelo sokubhaliwego.

Qaphela oku phambi naxa ubhala/usenza intetho:

- Njani? Uza kuthetha njani, wonwabile okanye ukhathazekile.
- Nini? Uza kuthetha nini? Usisithethi sosuku? Emva kwesidlo sakusasa, emini, emalanga okanye ebusuku.
- Phi? Ecaweni, emtshatweni, esikolweni, elalini, uthetha eholweni ebaleni lebhola.
- Yintoni injongo yetheko /into oza kuthetha kuyo? Umenyelwe ukuba uza

kuthetha ngantoni?

- Ngubani oza kuba elapho? Bangaphi, bancinci, badala, ngoomama, ngootata, ngabantwana njl njl.

Injongo

- Ukwazisa, ukufundisa nokonwabisa abantu.

Umzekelo wentetho

Intetho kaMongameli uThabo Mbeki yoBume beSizwe yomhla we-9

kuFebruwari ngowama-2009, i “State of the Nation Address”

Somlomo obekekileyo kunye neSekela lakho;

Malungu eNdlu yowiso-mthetho kunye nabaThunywa beNdlu yeBhunga leSizwe yePhondo abekekileyo, iindwendwe zethu nabantu ngokubanzi.

Ndiyavuya ukuxela ukuba ngokubhekiselele kwesinye nesinye sezi zibophelelo, uRhulumente uthe gqolo ukusebenza nzima ukuqinisekisa ukuba iinjongo zesizwe ziyafezekiswa.

Inani labantu abaqeshiweyo liye linyuka kangangesiqingatha sesigidi ngonyaka. Sibone inkubela ethe chu ekuphuculweni kwamathuba abantu abaNtsundu kuqoqosho. Ukusuka ekubenit ngabanini bokungaphezulwana nje kwe-3% bemalike yotyalo-mali yeJSE ngowama-2004, oku kunyuke phantse kufike

ku-5%; yaye nokumelwa kwabantu abaNtsundu kwinqanaba eliphezulu lolawulo kukhule ukusuka kuma-24% olu lawulo lulonke, Iwaya kuma-27%. Kodwa kunjalo, kufuneka sihlale sikhumbula ukuba la manani asemancinane ngokungathethekiyo. Imitsi kwimeko yoqoqosho ibeke imingeni emikhulu ngolona hlobo phambi kwethu.

Ukwanda okukhulu okungabuyi mva kwiimfuno zabathengi kubonisa ukukhula okuncomekayo kumanqanaba empilo engcono kuluntu lonke jikelele; yaye nezona projekthi zeziseko ezingoondoqo esiphezu kwazo zinyanelisa amagalelo amakhulu ezbonelelo noomatshini bokwenza.

Nangona kunjalo isiphumo sokuzinikela nokwamkela kurhwebo lwamazwe ngamazwe sibonisa ukuba asiphumelelanga ukwakha ikhono lokuvvelisa iimpahla eziphambili nezo esezilungele ukusetyenziswa eziyimfuneko elizweni lethu.

[Esi sicatshulwa sithatyathwe kwintetho kaMongameli u Thabo Mbeki i “State of the Nation Address” yomhla we-9 Februwari kowama-2009, iphepha lesi-5. Yaze yaguqulelwesiXhoseni]

4.9 INGXELO

Sisishwankathelo esinika iinkcukacha eziphambili ngesiganeko, imoko okanye uphando oluthile. Luxwebhu olusesikweni oluqulethe iinyaniso zodwa ngesiganeko esithile. Kufuneka ibe nesihloko esitsala umdla kumfundi wayo.

IIMPAWU:

- Ingxelo inokuba yephandwayo okanye eboniweyo.
- Bhala isihloko, intshayelelo isiqu, isiphelo, izindululo, izalathisi nezihlomelelo.
- Ukuze kube kulula ukuyiqonda into ekuthethwa ngayo imiba mayibhalwe ngokweengongoma.
- Sebenzisa ulwimi nethoni ngokodidi lwengxelo leyo uyenzayo.

- Makucace gca ukuba kuthethwa ngantoni kwaphaya kwisihloko sakho.
- Kusetyenziswa ingxelo-ntetho.
- Yahlule intetho yakho ngokwezihlokvana, uzinike iinombolo ukuze kube lula ukwenza unxibelelwano.
- Mayibe nombhali wayo onegama aze ayisayine kunye nomhla ebhalwe ngawo.

Injongo

- Injongo yayo kukwabelana ngolwazi.
- Ukuhlela nokuchaza okuthile.

Umzekelo wengxelo

Ingxelo ngohambelo Iwabafundi kwifama yeenciniba e-Oudtshoorn eNtshona Koloni

Igama lesikolo: Senyukele S.S.S. eMt. Ayliff

Umhla: 10 Epreli ukuya kumhla we-15 ku-Epreli ngowama- 2018

Inani labafundi: Ngama-30

Ibhalelwa: uMnu Gasela (inqununu yesikolo)

Izithuthi

Izithuthi esizisebenzisileyo bezikumgangatho ophezulu kakhulu nowanelisayo zinabo noomabonakude. Beziwulungele kakhulu umsebenzi wazo ebeziwukhethelwe.

Iindawo zokulala

Silele kwiibhedi ezikhweleneyo zabantwana noxa kunjalo ubuncumisa umgangatho, zicocekile kwakunye neengubo zazo. Amagumbi ngokunjalo nawo ebococekile.

Iindawo zokutyla nokutya

Umgangatho wokutya ubuphezulu kakhulu, sisitya ukutya okumnandi nokuya egazini. Ibicocekile indawo yokutyla nabantu abakulungisayo becocekile, benxibe iimpahla ezifanayo ezimhlophe bethe chu iminqwazana entloko ukogquma iinwele. Bebenenkathalo bebonisa ububele nokusamkela abantu bomzi esilaliswe kuwo. Ibikokokuqala sisitya inyama neqanda lenciniba.

Iindlela zokuzonwabiso

Sikhweliswe iinciniba sathatha neefoto nazo. Sisiwe kwindawo apho kwenziwa khona imveliso ngesikhumba senciniba, kulapho abafundi bathengele khona abazali babo izipho ezinjengeminqwazi, amabhanti, iiwalethi njl njl.

❖ Qaphela:

- Ibhalwe kumntu wesithathu.
- Ingcaciso eggibeleleyo.
- Ulwimi olusesikweni.

4.10 INQAKU LEMAGAZINI

Kulapho umbhali adandalazisa khona izinto azithandayo nangazithandiyo.

IIMPAWU ZEMAGAZINI:

- Isihloko masibe sifutshane sitsale umxhelo.
- Ubhalo malulungelelaniswe lahlulwe ngokwemihlathi kubekho intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Umbhali makakhankanywe.
- Indlela yokubhala maybe yevela kuwe, uthetha ngqo nomfundi.
- Isimbo sokubhala singaba sesichazayo nesikhatshwa zizafobe ukutsala umdla wabafundi.
- Amagama, iindawo, amaxesha, ubume bendawo kunye nezinye iinkcukacha ezifunekayo mazifakwe kwinqaku.
- Ukuze utsale umdla womlesi, inqaku malibe lelinika ulwazi lusithi ndifunde.
- Ithoni eveza okucingwa ngumbhali, imo nesihloko zixhomekeke kuhlobo lwenqaku, abantu ababhalelwayo nakumbhali.
- Amanqaku adla ngokuchaphazela izinto ezifana nezoluntu, ezopolitiko, ezenkcubeko njl njl.

Injongo:

- Kukwazisa ukufundisa nokonwabiswa abantu.

ISINQANDAMATHE SILITSHISILE ITYOTYOMBE		
<p>Intokazi eminyaka ingama-23 iye yatsha kanobomi emva kokuba ityotyombe layo lintunyekwe ngomlilo sisinqandamathe sayo bakuba bexabene. Ivumba lokutsha, ubumpahlana obutshileyo nesitya sokuhlambela kuphela kwezinto eziseleyo kweli tyotyombe.</p> <p>URachael Van Wyk ebexheleke emoyeni akukhumbula ukuba udade wabo ebevaleleke kuloo malangatye.</p> <p>'Indoda ethile ikwazile ukophula amacangci etyotyombe ngomhlakulo yazenza idini yangena kuloo malangatye ebelephuza ngokungenalusizi. Umnyango ubuvalwe mba. Udale wethu waxhuma wagqotsa ukuza kum. Ndambona kwantlandlolo ndathatha ibhatyi ebendiyinxibile ndamcima umlilo ngayo. Ebetshe kakhulu nasebusweni enezilonda.'</p> <p>Isinqandamathe sakhe naso sibalekile sinezilonda zokutsha entloko nasezingalweni.</p>	<p>Abekhaya bathi obu buhlobo sekungamatyeli amaninzi buchithwa. Esi sibini kungona sisanda kubuyelana. Isithethi samapolisa uSajini Dlamini uthe abekhaya nabamelwane bancedisene ukucima loo mlilo basindisa eso sibini phambi kokufika kwezicima-mlilo. Esi sibini sisiwe esibhedlele eKimberley apho sinyangelwa ukutsha ezandleni, ebusweni nasemilenzeni. Bobabini bakwimeko encumisayo noko. Kubekwe amapolisa esibhedlele ukuba agade indoda eminyaka engama-27 ukuze ingaqhweshi.</p> <p>UDlamini uthe le ndoda ibanjwe ngamapolisa asemoyeni ngentsimbi yesibhozo ekuseni ngonobangela walo mlilo. Iziphumo ziya kuthunyelwa kubacuphi.</p> <p>Umrhanelwa uza kuvela kwinkundla yamatyala eKimberley kungentsuku zatywala. UDlamini wongeze ngelithi, amapolisa ecandelo lezinja enza uphando</p>	<p>USindie Van Wyk ongunina wexhoba ebekhathazekile kuba intombi yakhe iya kuphuma esibhedlele ingenakhaya. lingubo zakhe nezinye izinto zomandlalo, asazibhatalayo, zonke zitshe kuloo mlilo. Uthi ubulela uThixo kuba umzukulwana wakhe wayengalalanga nabazali bakhe ngolwesiHlanu. Icawa yamaDatshi, amapolisa neWomen's Network zinikezele ngokutya nempahla yokunxiba.</p> <p>Ithatyathwe kwiBona yesiXhosa kaFebruwari 2018</p>

4.11 INQAKU LEPHEPHANDABA

Inqaku ngumhlo llo ofumaneka kwiphephandaba, elibhalwa ngumntu/

ngabantu abathile malunga nomba/ imiba ethile.

IIMPAWU:

- Veza iingongoma njengoko zinjalo zingachatshazelwa ziimbono zakho.
- Bhala nangayiphi na into onomdla kuyo neza kudala umdla wabafundi.
- Chaza ngokufutshane umba obhala ngawo kodwa ucace gca.
- Gqithisa umyalezo wakho uvakale kulowo umbhalelayo.
- Shwankathela ngokucacileyo ungayiggwethi into eyinyaniso.
- Nika isihloko esicacileyo nesivakalayo uze wongeze nesihlokwana esicacileyo.
- Qala ngokona kubaluleke kakhulu: umzekelo, ngubani, yintoni, nini, phi, kutheni nokangananani.

- Sebenzia ulwimi olucacileyo noluthe ngqo ubhale ngokomntu wesithathu.
- Malibandakanye ucaphulo, intetho. izimvo neembono ezivela ebantwini ababandakanyekayo okanye iingcaphephe kwisihloko eso.

Injongo:

- Kukwazisa ukufundisa nokonwabiswa abantu.
- Inqaku lingabhalwa ngendlela evuselela umothuko, inkathalo, ukuvuyisa ngesihloko acinga ukuba umbhali sibalulekile ekuhlaleni.

Umzekelo wenqaku lephephandaba

KODE KUBE NINI SILINDE IZITHEMBISO EZINGAZALISEKISWAYO?		
Abahlali badikwe yeyokosa ngathi batye inyama yehagu zizithembiso zomlomo ezenziwa esidlangularaleni ziinkokheli zezopolitiko ezingazalisekiswayo. Ucinga ukuba kwakuze kubekho utshintsho kwiziphumo zebanga leshumi eMpuma Koloni? Kukangaphi ufunda emaphepheni ngokusilela kweSebe lezezindlu kweli loMzantsi Afrika ekupuhhliseni isimo sentlalo? Umbane wona lo unyuka imihla nezolo phofu indawo ezininzi azikabi nawo siwulibalelani?	Le mali ingaka inikwa abantwana bethu, ibakhuthaza ukuba mababe ngathi bayazala endaweni yokufunda bazisebenzele, uyithini? Kudala sijonge enkalweni akukho lutshintsho, sisathenjiswa imihla nezolo. Intetho ethi “ukuthetha ayisikokwenza” ithaa engqondweni yam qho xa ndibhala inqaku. Masilibale ngoJacob Maronga weEskom owamkela izigidi ezihlalu ngonyaka, ze anyuselwe umvuzo ngamashumi amabini anesihlanu eepesenti.	Uthini ngesiqebheyi nesiqendu saseLand Bank apho izigidi ngezigidi zemali zokupuhhlisa abalimi zehliswe ngomlenze? “Kungaqhuma kubasiwe” le misadulo noqhankqalazo olwensiwa ngabahlali ithi badikwe yeyokosa, bathi maxhalanga sidleni, ingase ihle ehlayo inyuke enyukayo, kwanele zizithembiso zomlomo. Kode kube nini kanti silinde iinkonzo zokupuhhlisa impilo yabahlali! Lithatyathwe kwi-llisolomzi Februwari 10 2018

4.12. IRIVYU: Sisigxeko-ncomo sencwadi.

IIMPAWU:

- Inika ulovo lomphendli ngencwadi okanye umdlalo.
- Inika ulwazi lwencwadi ngeli lixa kanye ibhalelwwe ukunika ulovo.
- Iyashwankathela, ukuba yincwadi ithathwa ifakwe ebalini ngeziganeko ezilandeelanayo, kucalulwe umlinganiswa ngamnye kwababalulekileyo ngamagama ambalwa.
- Iyabhalwa ukuze inike isigxeko ncomo ngencwadi efundiweyo, umdlalo obubukelwe njl njl.
- Kufuneka umbhali walo msebenzi abonakalise ukunyaniseka.
- Kufuneka abonakalise ukuyazi kakhulu le nto kuthethwa ngayo.

- Kuyafuneka ke ukuba kubalulwe ukuba ngoobani abantu abafanele ukusebenzisa le ncwadi nezizathu zoko.
- Umsebenzi wayo kukuncedisa ekuthatheni iziggibo zokuba uyithenge na oko kukuthi iyabancedisa abathengisi ekuthengiseni izinto zabo.
- Uvumelekile umbhali ukuba acaphule nalapha kumxholo eyona nto inokwenza umtsalane kubantu.

Okubalulekileyo ngolu bhalo lwerivyu/ isigxeko ncomo soncwadi

- Nika ezi nkukacha: igama lencwadi, umbhali, isihloko sencwadi, umpapashi, kwakunye nexabiso layo.
- Umbhali ngamnye ubhala ngovakalelo lwakhe malunga nencwadi olungaphikisekiyo nakubani na omakishayo.
- Gqiba ukuba ifanele oobani le nto ubhala ngayo ungabhalo nje.
- Qaphela ukuba uyaluveza udidi lwencwadi leyo uyihlalutyayo ukuba yidrama /noveli /imibongo/ ifilimu.
- Gqala indlela abakhwiwa ngayo abadlali/ abalinganiswa, umoya, isimo sentlalo esiphembelela izinto ukuba zenzeke .
- Irivyu ithabatha icala elithile. Bangababini abantu abenza irivyu ngomsebenzi omnye kodwa bavakalise izimvo ezahlukeneoyo ngomsebenzi lowo.
- Buxhaphakile uburharha/ izihlekiso kwirivyu.
- Xela umyalezo esiwunikwa ngumbhali ngale ncwadi yakhe/ okanye imfundiso.

Umzekelo werivyu yencwadi

Igama lencwadi:	Umonwabisi
Umbhali:	ZA Japhta
Unyaka wokupapashwa:	2015
Abalinganiswa abaphambili:	Thandabantu, UMamTolo noMonwabisi
Uhlobo loncwadi:	Noveli
Indawo eliqhubeka kuyo ibali:	Edolophini kuTsolo naseMthatha szilalini eNtshiqo
Lenzeka nini:	<p>Lenzeka kwixesha lamandulo nelanamhla</p> <p>Kwixesha lamandulo – ivenkile ezinkulu ezithengisa yonke into ezilalini.</p> <p>Kwelanamhla – abantwana bahlala ezikolweni, kwiihostela.</p>
Lingantoni ibali:	<ul style="list-style-type: none"> ➤ Lingendlela oomama abafeke thisa ngayo abantwana babo. ➤ Ukuzimisela kukaMonwabisi xa asebenzayo. ➤ Nokuzimisela kwakhe ukuba abengumonwabisi kuluntu jikelele. ➤ Ukubaluleka kokuthanda abantu njengoThandabantu.
Izinto endizithandileyo kwisakhiwo sebali	<p>a) Ukubunjwa kwabalinganiswa – bazotywe ngqo.</p> <p>Balandele amagama abo</p> <p>(b)Ukfika kukaMaRhadebe kwaThandabantu</p>
Imfundiso:	Le ncwadi isifundisa ukubaluleka nokukhathalela umntwana nokuba asingowakho, ukubaluleka kokuthanda ukusebenza, ukubaluleka kokungafekethisi abantwana kuba unemali.

5. IMIHLATHI EMIFUTSHANE

Ubude bemihlathi emifutshane kulindeleke ukuba kube ngamagama angama-60 ukuya ku-80 kwibanga le-10-12.

5.1. UNGENISO KWIDAYARI

Wonke umntu uneminqweno anga angayifezekisa. Enye yeendlela oqinisekisa ngayo ukuba iminqweno yakho ayibhangi ilibaleke kukuyibhala kwidayari.

QAPHELA:

- ❖ Ibhala ngokomntu wokuqala kuba umbhali wedayari ubhala ngeemeko zakhe.
- ❖ Umhla nexesha lokubhala libalulekile nangakumbi.

IIMPAWU:

- Idayari imalunga nendlela ovakalelwa ngayo zizinto ezenzekayo.
- Umbhali uyazibhalela, esebeenzisa ixesha elidlulileyo.
- Ungeniso ngalunye malube nomhla nexesha, akunyanzelekanga ukuba imihla yakho ilandeelane.
- Izingeniso zedayari ezibhaliwego (umzekelo: ezeveki okanye ezemihla ngemihla)
- Bhala usebeenzisa isivumelanisi somntu wokuqala u “ndi” kuba ubhala ngawe.
- Ibhala ngokungekho sesikweni.

Injongo

- Ukubhala nokubonisa amava akho buqu.

Umzekelo wongeniso lwedayari:

FEBRUWARI 2018

IZINTO ENDIZENZILEYO

05 Mvulo: Ndiye kwithala leencwadi ukuphuma kwesikolo.

07 Lwesithathu: Ndiye kubukela ibhola ekhatywayo.

09 Lwesihlanu: Ndiye eSinema ukuya kubukela umboniso bhanya-bhanya.

IZINTO EZIYE ZANDONWABISA

20 Lwesibini: Ndiye ndonwabela usuku lokuzalwa komhlobo wam.

22 Lwesine: Ndiye ndakhutshwa ngumama wam nabantwana basekhaya saya edolophini sathengelwa iimpahla.

IZINTO EZIYE ZANDIPHATHA KAKUBI

23 Lwesihlanu: Ndiye ndabukela umntwana wesikolo egilwa yimoto.

25 Cawa: Ndiye ndangxoliswa kabuhlungu ngutata wam ngenxa yokonqena ukuya eCaweni.

5.2 UKUBHALWA KWEFLAYA

Liphetshana elithengisa imveliso / inkonzo ethile. Itsala ilukuhle umntu ukuba athenge into okanye inkonzo ethile.

IIMPAWU:

- Igama leshishini.
- Isayizi yayo incinane umz: iphepha elingu-A5.
- Mayibe nesihloko esitsala umdla, isilogani okanye ilogo.
- Mayinike inkcaza emfutshane ngemveliso.
- Mayidwelise amaqithiqithi ehamba nawo.
- Mayiveze ingombolo yolwazi engoqhagamshelwano, umz. indawo, inombolo yomnxeba yeshishini kunye newebhusayithi.
- Amaxabiso ezinto ekushishinwa ngazo.
- Amaxesha omsebenzi.
- Imifanekiso yezinto ekushishinwa ngazo.

Injongo

- Kukutsala nokulukuhla umntu ukuba athenge into okanye inkonzo ethile

Umzekelo weflaya:

ZAMAZAMA CLOTHING SHOP

15 NOJOLI

SOMERSET EAST

Tel: 042-243371

Fax: 042-242271

Amaxesha omsebenzi:

Mvulo-Lwesihlanu:

08:00–17:00

Mgqibelo: 07:30–13:00

www.zamazamaclothing.co.za

info@zamazamaclothing.co.za

IZIHLANGU: R99,00

IIJEZI: R50,00

IIBHULUKHWE ZOOSISI: R 79,00

IIHEMPE ZOOTATA: R 45,00

IZIKIPHA ZABAFANA: R35.00



IIBHATYI

ZAMAKRWALA: R125.00

THENGA IBHATYI YEKRWALA IBENYE ZE UFUMANE ISIKIPA MAHALA

5.3 UKUBHALWA KWE-IMEYILE

Ngumyalezo obhalwa kwikhomputha, kwifowni okanye kwithablethi, uze uhambe nge-intanethi ukuya kulo mntu uthunyelwa kuye kwaye uhamba ngokukhawuleza.

IIMPAWU:

- Idilesi ye-imeyile yalowo/ abo ubathumelelayo,

Umzekelo:

soso@uvelo.co.za

nana@gmail.com

- uCC – kulapho ufaka iidilesi zabanye abantu ofuna bayifunde ngaphandle kwalo ibhekiswe kuye

- Isihloko(subject) – esi sisishwankathelo somxholo we-imeyile.
- Isibuliso: Umzekelo:Mnu Fakude
- Umyalezo –Yile nto ufunu ukuyithetha.
- Isiphelo

Umzekelo womyalezo othunyelwe nge-imeyile:

IYA KU: lwazi@gmail.com

ABANYE ABANTU ETHUNYELWA KUBO (CC): nsobhuza@yahoo.com senzopatelo@gmail.com; sfakude@telkomsa.net

ISIHLOKO (subject): Izifundo ezongezelelweyo zabafundi bebanga le-12

Bafundi bebanga le-12

Oku kukunikhumbuza ngezifundo ezongezelelweyo eziza kuba khona esikolweni:

UMHLA: 14 Februwari 2018

INDAWO: Walter Sisulu eMthatha.

IZIFUNDO EZIZA KWENZIWA NAMAXESHA AZO: Izibalo: 08:00–09:30

Ezenzululwazi: 09:30-10:30, Ezolimo: 11:00-12:30 kunye nesiXhosa 12h30–14:00

Enkosi

Thuto Lehana

5.4 ISIBHENGEO-NTENGISO:

Yindlela umthengisi abhengeza ngayo imveliso yakhe.

IIMPAWU:

- Isihloko sesibhengezo masibe sesitsala umdla kusetyenziswa amagama akhethiwyo kwabo bantu kujoliswe kubo.
- Isayizi yefonti mayahluke, ibhalwe ngokuggamileyo neenkukacha ngokucacileyo.
- Masibhalwe ngendlela engazukuchaphazela amalungelo ngokobuhlanga, isini nokukhubazeka.
- Intengiso isasaza ulwazi ngento ethile ngendlela eya kwenza abathengi bayithenge loo nto ithengiswayo.
- Mayibe nesilogani nelogo.
- Mayikuchaze okuthengiswayo ibonisa ukuba umthengi akanakuphila ngaphandle kwayo.
- Mayichaze ixabiso, apho ifumaneka khona neenombolo zonxibelewano.

Injongo

- Kukutsala nokulukuhla umntu ukuba athenge into okanye inkonzo ethile.

Umzekelo wesibhengezo-ntengiso

Kwavirgin active sinezixhobo ezanelisa wonke umntu



A photograph showing three people running on treadmills in a modern gym. In the foreground, a woman in a pink tank top and black leggings runs towards the camera. Behind her, a man in a blue tank top and black shorts runs away from the camera. To the right, another woman in a pink tank top and black leggings stands on a treadmill, looking towards the others. Large windows in the background offer a view of the city outside.



The Virgin Active logo, featuring the word "ACTIVE" in red with a small "V" above it, set against a white background.



A grey gym bag with the "Virgin Active" logo printed on it. Below the bag, text reads: "JOIN 17 - 30 APRIL 2018, GET OUR BRILLIANT NEW BAG AND THE REST OF THE MONTH FREE!" and "Ts&Cs apply. Offer valid 17 - 30 April 2018."

Ufuna ukukhathelela impilo yakho nxibelelala nathi.

Ukuba wenza imithambo awusoze uhlaselwe zizifo usoloko ungumqabaqaba. Joyina ngomhla we 07/06/2018 ukuya kowe-12/Juni /2018 uze ufumane ibhegi yakwa Virgin Active ujime inyanga yonke simahla.

Khawuleza kuba **evuka mva iholwa zizagweba.**

5.5 IPOWUSTA

Ipowusta licwecwe elibonwayo neliqulathe ulwazi olucwangciswe ngendlela enika umdla nomtsalane kulowo uyifundayo. Imiyalezo ithunyelwa ngemifanekiso ngamagama agqamileyo nangemibala-bala etsala umdla.

IIMPAWU:

- Okubhaliwego makucace gca, kunike umdla.
- Qaphela ukuba ujolise koobani ngale powusta.
- linkcukacha mazivelelwwe zonke.

Injongo

- Kukutsala nokulukuhla umntu ukuba athenge into okanye inkonzo ethile.

Umzekelo wepowusta

UMZANTS FOSHO

WAMKELEKILE KWILIZWE LEENTLANGA NGEENTLANGA

Gxoth'ika'teziko ngokuba ngumkhokeli wabakhenkethi!

Ngomhla we-10 Epreli 2018 kuya kube kuqubisene oompondo zihlanjiwe beekwayala zomculo weGospile zivela mbombo zone zehlabathi.

Khasa! Ugaqe!! Uhambe-e-e-e!!

Uyakwaziukuthethaezi lwimi

isiNgesi , isiFrentshi, isiJamani nesiPhuthukezi?

Ungabi naxhala luhkona uqequesho.

LO MSEBENZI NGOWAKHO! KHAWULEZA!

**YIZA EKONENI YEBREE STREET NEVANDER WALT EGOLI UFUNE USITHEMBELE
UMAZI WAZO-072 2016 723**

5.6 IKHADI LESIMEMO

Likhadi eliseteyenziswa xa kumenywa umntu kumnyhadala othile.

IIMPAWU:

- Isakhono nobuchule bokuyila buyafuneka ukuze umsebenzi okanye itheko libe lelilodwa nelinika lowo umenywayo isizathu sokuzimasa umcimbi lowo.
- Nika ulwazi oluquphayo nolucacileyo.
- Nini - umhla nexesha.
- Phi - idilesi.
- Isinxibo – esindilisekileyo njl. njl.
- Mayiveze iinkcukacha zomntu oza kuperhendula kuye.(RSVP)
- Igama lommemi malivele.
- Indlela yokunxibevelana: imfonomfono, okanye i-imayile yomntu oza kuperhendula kuye mayicace.

Injongo

- Ukumemela umntu kumntu kumnyhadala ikanye kwitheko.

Umzekelo wekhadi lesimemo



5.7 UKUNIKA IZALATHISO/UKUKHOMBISA INDLELA

Kukuxelela/ukuyalela umntu indlela yokuya kwindawo ethile.

IIMPAWU :

- Apha sinika imiyalelo malunga nendlela elula emayithathwe ngulowo walathiswayo.
- Cacisa indawo asukela kuyo, umzekelo ukuhla kwakho kwitekisi erenkini, necala amakaye ngakulo (ekhohlo okanye ekunene).
- Imiyalelo yakho yinike ngendlela elandelelana ngayo ukuze ifezekiseke lula
- Xela umgama oza kuhanjwa.
- Xela ukuba uza kuhamba ngohola wendlela, isitalato, igama laso, izinto aza kuhlangana nazo, ibhulorho anqumla kuzo njl njl.
- Kubaluleke kakhulu ukucacisa inani lezitalato eziza kunqunyulwa kwakunye namagama azo.
- Izihlomelo ezisetyenziswayo – ezendawo.
- Sebenzisa iziyaleli.

- Sebenzisa izivakalisi ezichanekileyo, ezifutshane nezicacileyo.

Injongo

- Kukuxelela umntu indlela yokuya kwindawo ethile.

Umzekelo: Ukunika izalathiso/ ukukhombisa indlela

Indlela eya eSizamile S.S.S.

Ukuhla kwakho eteksini erenkini uze uphose amehlo ngaphesheya kwesitalato, uza kubona igaraji yakwaEngen.

Landela amehlo lawo akho ngeenyawo. Uya kuhiangana nesitalato esinguholo.

Thatha esi sandla sakho sasekhohlo, uya kuhamba iinyawo ezilishumi kuphela, uhangane nekhonteyina ebomvu ethengisa iimpahla zokunxiba.

Kwakhona kwisandla sakho sasekhohlo uza kubona ivenkile ethengisa ukutya ungayihoyi udlule.

Phosa amehlo kwakhona ngaphesheya uya kubona umbhalo othe “Phuzimpuzi” ugqirha wamazinyo.

Dlula nje le sejari yalo gqirha. ngaphaya kwayo uya kube sele ufikile , ubona ngombhalo othi Sizamile S.S.S. ebhodini ngasesangweni.

5.8 IMIYALELO

Kukunika imiyalelo malunga nento ethile ekufuneka yenziwe ngulowo uyalelwayo.

IIMPAWU

- Imiyalelo yakho mayicace.
- Usebenzisa isiyaleli- ubukhulu becalo imo evumayo noxa ungayisebenzisa nelandulayo kodwa hayi kakhulu.
- Mawucace gca umyalelo.
- Inokubekwa ngokulandelana kwayo ngokwexesha umzekelo qala..., emva koko...
- Isebenzisa amanani neembumbulwana ezizingongoma ukubonisa ucwangco.

Injongo

- Kukuchaza okanye ukuyalela ngendlela ekufanele yenziwe ngayo into kulandelwa uthotho lwamanyathelo alandelaniswe kakuhle.

Umzekelo wemiyalelo: Iphepha lesithathu

ELI PHEPHA LINEMIBUZO EMITHATHU

ICANDELO A: Izincoko

ICANDELO B: Imihlathi emide

ICANDELO C: Imihlathi emifutshane

IIMIYALELO:

- Phendula umbuzo ube mnye kwicandelo ngalinye.
- Bhala ngolwimi obuzwe ngalo
- Yenza uyilo, hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho.
- Bhala amagama ali 190–240 kwisincoko, angama-80 ukuya kwali-100 kwimihlathi emide, engama-60 ukuya kwengama-80 kwimihlathi emifutshane.

ICANDELO A

- Khetha isincoko sibe sinye kwezi zisibhozo uzinikiweyo ubhale ngaso

ICANDELO B:

- Khetha isihloko sibe sinye kwezi uzunikiweyo ubhale umhlati ube mnye

ICANDELO C:

- Khetha isihloko sibe sinye kwezi zilandelayo ubhale ngaso umhlathi ube mnye.

5.9 UKUGCWLISA IFOM

Kukufaka iinkcukacha ezifunekayo ulandela imiyalelo ekwifom leyo.

IIMPAWU:

- Umntu ogcwalisa ifom kufuneka icace gca.
- Ibe sesikweni.
- Icoceke (okubhaliweyo kufundeke).

Injongo:

- Iza kwahluka ngokwenjongo leyo yokusetyenziswa kwayo ifom

Umzekelo wokugcwaliswa kwefom

IFOM YOKUKHWELISA ABANTWANA KWIIMOTO ZAKWASOPHAKAMA	
IFANI:	Mzimba
AMAGAMA:	Asavela
UBUDALA:	10 iminyaka
IDILESI YEKHAYA:	175 Makwande Street Fort Gale 5100

IDILESI YEPOSI:	P.O. Box 23 Fort Gale 5100
ISIKOLO AFUNDA KUSO UMNTWANA	Gladys King J.S.S.
IBANGA	4
IXESHA LOKUNGENA KWESIKOLO	07H45
IXESHA LOKUPHUMA KWESIKOLO	14H30
IGAMA LOMZALI	Nkosazana Nosipho Mzimba
UKUFUNGA: Mna Nkosazana Nosipho Mzimba ndiyavuma ukuba intombi yam egama linguAsavela Mzimba akhweliswe yimoto yakho yonke imihla. Ndiyavuma nokuba ndiza kubhatala imali engangama-R500 ngenyanga, ngaphandle kwangoDisemba.	
Igama lomzali: Nkszn. Nosipho Mzimba Utyikityo.....	
Umhla: 18 Janyuwari 2018	

5.10 IPOSIKHADI

Likhadi lokugqithisa umyalezo ongafihlwayo.

IIMPAWU:

- Liba nesitampu esithe nca kulo.
- Liba nomfanekiso ngaphambili otsala umdla wabafundi.
- Ngaphambili kubhalwa umntu eliya kuye kunye nedilesi yakhe elandelwa yikhowudi yaloo ndawo.
- Ngasemva kulapho kuvela khona umyalezo ongafihlakalanga kuba unokufundwa nangubani na.

Injongo

- Kukugqithisa umyalezo ongafihlwayo

Umzekelo weposikhadi

Uyacelwa ukuba ukhawuleze ufile apha ekhaya
Ongothuki akukho nto imbi kukho umba ekufuneka
siwukhawulezele.
Ivela ku: Asisipho Ngewu

Isitampu
Lizo Guntu
No 30 Sikhokho Street
Daphula Township
Kokstad
5780

Published by the Department of Basic Education

222 Struben Street

Private Bag X895, Pretoria, 0001

Telephone: 012 357 3000 Fax: 012 323 0601

© Department of Basic Education

website

www.education.gov.za

facebook

www.facebook.com/BasicEd

twitter

www.twitter.com/dbe_sa

120 Plein Street Private Bag X9023

Cape Town 8000

South Africa

Tel: +27 21 465 1701

Fax: +27 21 461 8110